



**Western Cape
Government**

Social Development

BETTER TOGETHER.

ISICWANGCISO SENTSEBENZO YONYAKA

KA-2016/2017

DISCLAIMER

Uxwebhu lwesiNgesi lwesi Sicwangciso Sentsebenzo Yonyaka sithatyathwa njengolona xwebhu usesikweni. Eli Sebe alinakuthatyathwa njengelinetyala ekungatolikweni ngendlela okunokube kanti kwenzekile kwinkqubo yokuguqulelwa kolu xwebhu.

Esi Sicwangciso Sentsebenzo Yonyaka sithe saqulunqwa liCandelo Lolawulo Kwezocwangciso Loshishini oNesicwangciso-ahinga kwiSebe Lophuhliso Loluntu.

Ukuze ube nokufumana ezinye iikopi zolu xwebhu, nceda uqhakamshelane:

neNtloko yeSebe
kwiSebe Lophuhliso Loluntu
Private Bag X9112
eKapa
8000
kuMzantsi Afrika

Umnxeba: +27-21-4834436
Ifeksi: +27-21-4836824
I-email: Connie.Majambe@westerncape.gov.za

PR30/2016
ISBN: 978-0-621-44302-8

Isihloko Soxwebhu: iSebe Lophuhliso Loluntu kwiNtshona Koloni, Isicwangciso Sentsebenzo Yonyaka ka-Ka-2016/17

INOMBOLO YOMNxeba ENGAHLAWULELWAYO: 0800 220 250

IWEBSITE: <http://www.westerncape.gov.za>

UMphathiswa wePhondo Kwezophuhliso Loluntu

NjengoMphathiswa Wophuhliso Loluntu kwiNtshona Koloni, ndibe necham lokukhokela eli eli Sebe isithuba seminyaka emihlanu ndise-ofisini. Sizame ngakokonke ukunikezela iinkonzo ngokwemigaqo nesikhokelo soMgaqo-siseko, esemithetho nangokuthunywa ngabavoti, ndawonye neenjongo zeSicwangciso Sophuhliso Lwesizwe. Umsebenzi weSebe Lophuhliso Loluntu (iDSD ngamafuphi) kwesi sithuba sokusebenza kukarhulumente sibe sikhokelwe luluhlu Lweenjongo ezisibhozo Zesicwangciso-qhinga sePhondo, ze ekuzeni kokuqoshela kwethuba le-ofisi, zasuswa zangenelwa Ngamanqaku (iiPSO ngamafuphi) amahlanu Esicwangciso-qhinga sePhondo ezihlanganisa le misebenzi namagunya ze iwenze abe ziinkalo ezingundoqo zokunikezelwa kweenkonzo kwaneendlela ezizisa iinguqu. Elona nqaku libalulekileyo kweZophuhliso Loluntu yiPSG 2: *Ukuphuculwa kweziphumo zemfundo kwanamathuba ophuhliso lolutsha*, kunye noPSG 3: *Ukwandisa intlalo-ntle, ukhuseleko kwanokuncitshiswa kwemikhuba eluntwini*.

Le Ngxelo Yonyaka yazisa ngamanyathelo okuqala eSebe kumba wokwayamanisa amanqaku esicwangciso-qhinga sethu, sithathela ingqalelo ezona nkcukacha zophando zakutsha nje ngeemfuno ngokoqoqosho loluntu nemingeni kweli phondo.

uPSG 2 udinga ukuba sijolise iinkonzo zethu ekuxhaseni ze, apho kuyimfuno, ekukhuseleni abantwana abaselula ngenjongo yokubanceda nokubalungiselela ukuba bahlale esikolweni, ze siphumeze amalungelo abo okhuseleko nononophelo olululo. Ikwisikhokela ekubeni sigxininise kakhulu ekuxhaseni ulutsha nasemva kokuba luphumile esikolweni ukuze sancedise ekuvaleni umsantsa phakathi kwemfundo nokuzimela ngokwasezimalini. Phakathi kwezinye izinto, oku kudinga ukuba:

- Siqinise iinkalo zemfundo, ingakumbi le yokunikezelwa kwemfundo yolwimi lwesiNgesi, eyoPhuhliso Lwabantwana Abaselula apho idingeka kakhulu, kwiingingqi apho ukulungela isikolo kukumazinga aphantsi;
- Sikhokele iinzame zokuphuhlisa kwezakhono namathuba oqoqosho kulutsha olusigqibileyo isikolo; ze
- Siqinisekise ukuba izikolo zinazo iinkonzo zentlalo-ntle ukuze kuncediswe kwiimeko apho abantwana babonakalisa iindlela zokuziphatha ezinokubabeka esichengeni, okanye abo bachatshazelwa ziintsizi.

Ukuzinikela kwam ekwandiseni amathuba kubantwana nolutsha kusami bume. Sele sisikhuphile iSicwangciso-qhinga Sophuhliso Lwabantwana Abaselula kwiPhondo kunye neSicwangciso-qhinga Solutsha kwiPhondo, futhi ke sele siqalise nenkqubo yokuqinisekisa ukuba iinkqubo ezenzelwe abantu abatsha zimi bume, zinefuthe elililo ezimpilweni zabo, ingakumbi kumba wokuncitshiswa kwentsela-ngqesho kulutsha. Kule nkalo ke amalinge ethu abesoloko ejoliswe ekuncedeni abantu abatsha bakwazi ukuziphilisa futhi bakwazi nokuzimela 'ngokoqoqosho', basempilweni, benobudlelwane obuphilileyo neentsapho, abanye abantu kunye noluntu ngokubanzi futhi ke besenza iintshukumo kwiingingqi abahlala kuzo.

uPSG 3 udinga ukuba, phakathi kwezinye izinto, sinikezele iinkonzo zentlalo-ntle ngokwasengqondweni ngenjongo yokunciphisa iinzingo ezinobudlelwane nokungaziphathi kakuhle koluntu kweli phondo, ezifana nezi:

- Unyango namanye amalinge asondeleleneyo kumba wokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi;
- Amalinge okukhusela abantwana kwimpatho-gadalala okanye ukungahoyakali;
- Unonophelo nenkxaso kumaxhoba empatho-gadalala emakhayeni; kunye,
- Nenkxaso kwiintsapho nabazali abasemngciphekweni

linkonzo ezinikezelwa leli Sebe, ezikhatshwa luhlu lwemigaqo nemimiselo neendlela zokusebenza, ziye zasetyenziselwa ukufaka igxalaba kuluntu ngokubanzi, apho iSebe lisebenze namanye amasebe ukuze kuqhutywe ezona zinzuzo zephondo lethu eziphambili, eziquka:

1. Abantwana abasempilweni nabathi ngokuhamba kwamaxesha bafunde ngakumbi;
2. Ulutsha oluziphethe ngendlela nolusebenzayo eluntwini;
3. Iintsapho eziluqilima;
4. Uluntu olungamatshantliziyo noluluqilima; kunye,
5. Nabasebenzi abaphilileyo nabanentsebenzo.

Lo msebenzi mtsha ke siwenze kwimeko yoqoqosho emaxongo, futhi ke njengengxenywe yomsebenzi osasimeleyo, udinga ukuba kuqhutywe nokuphuculwa kophuhliso lwesebe. Sithe ngokwesicwangciso-ahinga senza luqilima ze saphucula iinkqubo zolawulo kwakunye neenkqubo zolawulo lwangaphakathi. Oku ke kube yeyona nto iphambili kunyaka-mali u-2014/15 kweli Sebe, ingakumbi kumba wokuqinisekisa ukuchaneka nokuba lulutho kweenkcukacha zentsebenzo yesebe. Kube ngumngeni omkhulu ke ukuqokelela iinkcukacha ezingentsebenzo kwiMibutho Engajonge Ngeniso (iiNPO ngabula makhumsha) esisebenzisana nayo engaphaya kwamawaka amabini, ii-ofisi ezingamashumi amathathu anantlanu ezinikezela iinkonzo ngqo eluntwini ndawonye nothotho lwamaziko aqhutywa lisebe anikezela ngendawo yokuhlala kubantwana nabantu abadala. Noko kunjalo, kubalulekile ukufumanisa ukuba sibe nakho ukulanda inkqubela yethu esa kwindlela esizakuzuzo ngayo iinjongo zesicwangciso-ahinga sethu, ngelixa sinika uluntu ingqiniseko yokuba iimali ezisetyenziselwe ezi nkonzo zihlumise iinzuzo ezibe lulutho kuluntu lweNtshona Koloni oluhlelekileyo nolusemngciphekweni.


Thina, njengeSebe, sisazinikele ekudlaleni eyethu indima ngokunikezela iinkonzo kubemi beNtshona Koloni. Ukulwisana ngendlela eyiyo nemingeni esijamelene nayo kuluntu kusengowona msebenzi mkhulu, ingakumbi kwimeko yokukhula ngokumandla kwamanani abemi bephondo kwanokuncipha kwengxowa yesizwe. Ndiyathemba ke ukuba esi Sicwangciso Sentsebenzo Yonyaka siyibeka kakuhle impendulo yethu kulo mngeni, ngendlela ecacileyo negxilileyo, yaye iyakuzinika umkhomba-ndlela iinkokheli nabasebenzi bethu njengoko beqhuba nokwuphumeza kwabo.



NDINGUMPHATHISWA WEPHONDO KWISEBE LOPHUHLISO LOLUNTU
u-Advocate A. Fritz
Umhla: 02 kweyoKwindla ka-2016

UKUKHUTSHWA NGOKUSESIKWENI

- Olu xwebhu luqulunqwe ngabalawuli beSebe Lophuhliso Loluntu phantsi kwesikhokelo sika-Advocate Albert Fritz yaye lwalungiselelwa upapasho ngokwemigaqo yeSicwangciso-qhinga seSebe.
- Lunika ingqwalasela yonke imigaqo-nkqubo, imithetho kunye namanye amaxwebhu achaphazelekayo aphantsi koxanduva lweli Sebe.
- Ludiza ngokuchanekileyo iinjongo ezicetyiweyo ngokwentsebenzo eziza kuleqwa liSebe phantsi kwezibonelelo ezikhoyo kwisabelo-mali sika- 2016/17.



nguNkszn. Marion Johnson
Umlawuli Oyintloko: Kwezocwangciso Loshishino Nesicwangciso-qhinga



nguMnu. Juan Smith
IGosa Elongamele Ezemali



nguGqir. Robert Macdonald
IGosa Elongameleyo

Iphunyezwe:



Ngu-Adv. Albert Fritz
iNgqonyela

Umhla: 02 kweyoKwindla ka-2016

Iziqulatho

DISCLAIMER	2
UMBULA-MBETHE	3
UKUKHUTSHWA NGOKUSESIKWENIfied that this Annual Performance Plan:	5
ISIGABA A: IMEKO NGOKWESICWANGCISO-QHINGA	12
1 Umbono	12
2 Umnqophiso	12
3 Imigqaliselo	12
4 Izindululo zomthetho, ezizezinye kunye nemisebenzi engundoqo	13
4.1 Izikhokelo ngokoMgaqo-siseko	13
4.2 Legislative Mandates	13
4.3 Eyona misebenzi yeli Sebe	15
4.4 Izikhokelo Ngokwemigaqo-nkqubo	15
4.5 Izigwebo Zeenkundla Ezichaphazelekayo	18
4.6 Amanyathelo Emigaqo-nkqubo Asacetywayo	18
5 Uhlalutyo Lwemeko	19
5.1 Imeko Yentsebenzo	19
Imeko Yesebe	21
5.2 Isimo Sesebe	26
5.4 Ingcaciso ngenkqubo yocwangciso lwesicwangciso-qhinga	27
5.5 Ukuthungelani kwe misebenzi yeSebe kwizahluko zazo ezikwiSicwangciso Sophuhliso Lwesizwe, iziphumo zeSikhokelo Sethutyana Elingephi Lesicwangciso-qhinga, i-OneCape2040 kunye Neenjongo Zesicwangciso-qhinga sePhondo	28
6 Iinjongo Ezisekelwe Kwiziphumo Zesicwangciso-qhinga	31
7 Isimo Sesabelo sika-2016/17 kwakunye neentelekelelo zeMTEF	33
7.1 Iintelelekelelo Zenkcitho	33
Izigqibo Ngohlalo Lolwabiwo-mali	35

ISIGABA B: IINJONGO ZESICWANGCISO-QHINGA KUNYE NEENKCUKACHA NGEENKQUBO	37
8 Inkqubo 1: Ezolawulo	38
.1 Ukulungelelanisa iimfuno zentsebenzo nesabelo-mali kunye neMTEF	41
.2 Ulawulo Lomngcipheko	43
• Inkqubo 2: linkonzo Zentlalo-ntle Yoluntu	45
Inkqutyana 2.1 Ezolawulo Nenxaso	45
Inkqutyana 2.2 linkonzo Kubantu Abadala	45
Inkqutyana 2.3 linkonzo Kubantu Abakhubazekileyo	49
Inkqutyana 2.4 Intsholongwane kaGawulayo noGawulayo	51
Inkqutyana 2.5 Ezohlangulo Loluntu	53
.1 Ukuthingelanisa iminqweno yentsebenzo, uhlahlo lolwabiwo-mali kunye ne MTEF	56
lintelekelelo zeentlawulo	56
.2 Ulawulo Lomngcipheko	58
• Inkqubo 3: Ezabantwana Neentsapho	59
Inkqutyana 3.1 Ezolawulo Nenxaso	59
Inkqutyana 3.2 Ezononophelo Nenxaso Kwiintsapho	59
Inkqutyana 3.3 Ezononophelo Nokhuselo Lwabantwana	62
Inkqutyana 3.4 Ezophuhliso Lweentsatshana Nononophelo Olungagqibelelanga	66
Inkqutyana 3.5 Ezamaziko Ononophelo Lwabantwana Nolutsha	69
Inkqutyana 3.6 linkonzo Zononophelo Lwabantwana Ezisekelwe Ekuhlaleni	73
.1 Ukuhlanganisa iithagethi zentsebenzo nesabelo-mali kunye neMTEF	74
lintelekelelo zenkcithols	74
Isishwankathelo seentlawulo neentelekelelo – Inkqubo 3: Ezabantwana Neentsapho	74
linguqu Kwintsebenzo Nakwinkcitho	76
.2 Ulawulo Lomngcipheko	76

• Inkqubo 4: linkonzo Zoluleko	77
Injongo Yenkqubo	77
Kukunikezela uthotho lweenkonzo ezihlanganyelweyo zentlalo-ntle kuthintelo lolwaphulo-mthetho kwakunye neenonzo zokulwisana nokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi kwabona basemngciphekweni nentsebenziswano namahlakani nemibutho yoluntu ngokubanzi.	77
Inkqutyana 4.1 Ezolawulo Nenxaso	77
Inkqutyana 4.2 Ezothintelo Lolwaphulo-mthetho Nenxaso	77
Inkqutyana 4.3 Ukuxhotyiswa Kwamakhoba	82
Inkqutyana 4.4 Ukusetyenziswa Gwenxa Kweziyobisi, Uthintelo Nokubuyiselwa Kwisimo Sesiqhelo	84
.1 Ukuthungelanisa iithagethi zentsebenzo nesabelo-mali kunye neMTEF	89
lintelekelelo zenkcitho	89
linguqu Kwintsebenzo Nenkcitho	91
.2 Umngcipheko	91
• Inkqubo 5: Ezophuhliso Nophando	93
Inkqutyana 5.1 Ezolawulo Nenxaso	93
Inkqutyana 5.2 Ukudlamkiswa Koluntu Ekuhlaleni	93
Inkqutyana 5.3	93
Ukuxhotyiswa Kwamaqumrhu Ngezakhono kwakunye Nenxaso kwiiNPO	93
Inkqutyana 5.5 Uphando Nocwangciso Olusekelwe Kuluntu Ekuhlaleni	99
Inkqutyana 5.6 Uphuhliso lolutsha	99
Inkqutyana 5.7 Uphuhliso lwamanina	102
Inkqutyana 5.8 Ukuphakanyiswa Kwemigaqo-nkqubo Engabemi	103
.1 Ukuthungelanisa iithagethi zentsebenzo nesabelo-mali kunye neMTEF	105
lintelekelelo zenkcitho	105
linguqu Kwintsebenzo Nenkcitho	107
.1 Ulawulo lomngcipheko	107
ISIGABA C: UTHUNGELWANO NEZINYE IZICWANGCISO	109

• Uthungelwano Nezicwangciso Zezexesha Elide Zezibonelelo kwakunye Nezinye Izicwangciso Eziphambili	109
• IINKAMNKAM EZINEMIQATHANGO	111
• AMAQUMRHU OLUNTU	111
• IINTSEBENZISWANO KUMAQUMRHU OLUNTU NAWABUCALA	111
ISIHLOMELO A: IINGUQU KWISICWANGCISO-QHINGA SIKA-2015	112
ISIHLOMELO B: IITHEYBYHILE ZENGCACISO NGEZALATHISI CAL INDICATOR DESCRIPTION TABLES	116
INKQUBO 1: EZOLAWULO	116
INJONGO YESICWANGCISO-QHINGA ESEKELWE KWISIPHUMO 1: ULAWULO LWEZOSHISHINO OLUPHUCULIWEYO	116
Inkqutyana 1.2 Icandelo Leenkonzu Zolawulo	118
INKQUBO 2. IINKONZO ZENTLALO-NTLE	127
INJONGO YESICWANGCISO-QHINGA ESEKELWE KWISIPHUMO: UKUPHAKANYISWA KOKUSEBENZA KOLUNTU OLUHLELELEKILEYO NOLUSEMNGCIPHEKWENI NGOKWEENKONZO SENTLALO-NTLE YOLUNTU.	127
Inkqutyana 2.2: Iinkonzu Kubantu Abadala	128
Inkqutyana 2.3 Iinkonzu Kubantu Abakhubazekileyo	131
Inkqutyana 2.5 Ezohlangulo Loluntu	135
INKQUBO 3: EZABANTWANA NEENTSAPHO	139
INJONGO YESICWANGCISO-QHINGA ESISEKELWE KWISIPHUMO 3: IINKONZO EZIGQIBELELEYO KUBANTWANA, UNONOPHELO LWEENTSAPHO KUNYE NEENKONZO ZENKXASO NGENJONGO YOKUKHUSELA AMALUNGELO ABANTWANA KWANOKUPHAKAMISA INTLALO-NTLE YABO.	139
Inkqutyana 3.2 Unonophelo Neenkonzu Kwiintsapho	139
Inkqutyana 3.3 Unonophelo Nokhuseleko Kubantwana	143
Inkqutyana 3.5 Amaziko Ononophelo Lwabantwana Nolutsha	157

Inkqutyana 3.6 Iinkonzo Zononophelo Lwabantwana Ezisekelwe Ekuhlaleni	159
INKQUBO 4: IINKONZO ZOLULEKO	162
INJONGO YESICWANGCISO-QHINGA ESEKELWE KWISIPHUMO 4: UKULWISANA NEMIKHWA ELUNTWINI NGOKUTHI KUNIKEZELWE UTHOTHO OLUGQIBELELEYO LEENKONZO ZOKUTHINTELWA KOLWAPHULO-MTHETHO NOKUSETYENZISWA GWENXA KWEZIYOBISI KWAKUNYE NEENKQUBO ZOKUBUYISELA KWIZIMO ZESIQHELO	162
Inkqutyana 4.2 Uthintelo Lolwaphulom-mthetho Nenxaso	163
Inkqutyana 4.3 Ukuxhotyiswa Kwamaxhoba	169
Inkqutyana 4.4 Ukusetyenziswa Gwenxa Kweziyobisi, Uthintelo Nokubuyiselwa Kwisimo Sesiqhelo	171
INKQUBO 5: EZOPHUHLISO NOPHANDO	176
INJONGO YESICWANGCISO-QHINGA ESEKELWE KWISIPHUMO 5: KUKUDALA AMATHUBA NGOKUTHI KUNIKEZELWE IINKONZO ZOPHUHLISO LOLUNTU.	176
Inkqutyana 5.3 Ukuxhotyiswa Kwamaqumrhu Ngezakhono kwanenkxaso kwiiNPO	177
Inkqutyana 5.4 Ukupheliswa Kwenlupheko Nokuphila Ngokuzimela	181
Inkqutyana 5.6 Uphuhliso lolutsha	184
Inkqutyana 5.8 Ukuphakanyiswa Kwemigaqo-nkqubo Engabemi	187
ECHNICAL INDICATOR DESCRIPTION TABLES	189
ISIHLOMELO C: ULUHLU LOQHAKAMSHELWANO	190
ISIHLOMELO D: IZISHUNQULELO	194
ISIHLOMELO E: IZALATHISI ZECANDELO EKUTHE AKWANIKEZELWA NGXELO NGAZO YIDSD KWINTSHONA KOLONI	197
ISIHLOMELO F: IZIVUMELWANO ZENTSEBENZISWANO	200

ISIGABA A: IMEKO YESICWANGCISO-QHINGA

ISIGABA A: IMEKO NGOKWESICWANGCISO-QHINGA

1 Umbono

Uluntu oluzimeleyo.

2 Umnqophiso

Kukuqinisekisa ukunikezelwa kothotho olugqibeleleyo lweenkonzo zentlalo-ntle ezinika amandla nezixhobisa abantu abahlelekileyo, abasemngciphekweni kwanabo banezidingo ezizodwa.

3 Imigqaliselo

Undoqo wemigqaliselo kaRhulumente weNtshona Koloni, eliyihlonelayo eli sebe, injengokuba ibonakalisiwe ngezantsi apha:



Ukukhathala

Kukukhathalela abo sibakhonza ngenkonzo nesisebenza nabo



Ukukwazi ukusebenza

Amandla nezakhono okwenza umsebenzi esichongelwe ukuwenza



Ukunika inkcaza

Siluthathela kuthi uxanduva



Isidima

Kukunyaniseka nokwenza oko kulungileyo



Intembeko

Kukuvulela iimbono ezintsha kwanokuza nezisombululo ezizizo kwiingxaki ngendlela enezibonelelo ezifanelekileyo



Ukuphendula

Kukumelana nezidingo zabemi nabasebenzi bethu

ISEBE Lophuhliso Loluntu lizinikele kule **migaqo yokunikezelwa kweenkonzo ingundoqo** ilandelayo:

● Ukusebenza ngokwahlukileyo

ISEBE eli liyakuzinikela ekuphandeni ze livavanye iindlela ezahlukeneyo neziphilileyo zokusebenza ngenjongo yokuzuza iziphumo eziphile nangakumbi kwisithuba sexesha elifutshane kangangoko ngaphandle kokwehlisa izinga lenkonzo enikezelwayo.

- **Ukusebenzisana nokubandakanya**

Siyakusoloko sikuthathela ingqalelo ukusebenzisana ngendlela eneziphumo namahlakani ethu njengoko kuthiwe thaca kumthetho i-Intergovernmental Relations Framework Act Nombolo 13 ka-2005.

- **Ukufikeleleka**

Kubalulekile ukufikeleleka kweenkonzo kwabo bazidingayo. Eli Sebe liyakuqhuba liyiphucula imo kunye neenkqubo zalo apho kuyimfuneko khona kwisithuba sexesha leSikhokelo Senkcitho Kwixesha Elingephi.

- **Ukunikezela iingxelo nokusebenza elubala**

Kukufaka kwindlela esisebenza ngayo iindlela ezizo neziphilileyo zolawulo ngokuthi kuphunyezwe iindlela zokuhlola, ezovavanyo nezokunikezelwa kweengxelo ezisekelwe kwiziphumo, iinkqubo zoshishino ezisemgangathweni, imigaqo-nkqubo kunye nokuphakanyiswa kokuthotyelwa kwemigaqo elawulayo ngenjongo yokuphucula ukunikezelwa kweengxelo nentsebenzo.

4 Izindululo zomthetho, ezizezinye kunye nemisebenzi engundoqo

4.1 Izikhokelo ngokoMgaqo-siseko

Imithetho	Ifuthe kwintsebenzo yeDSD
uMgaqo-siseko woMzantsi Afrika onguNombolo. 108 ka-1996	ICandelo 28 (1) loMgaqo-siseko uthi thaca amalungelo abantwana malunga nononophelo olusemgangathweni (isondlo esingundoqo, indawo yokuhlala, iinkonzo zononophelo lwempilonolwentlalo) futhi nokuthi ukubanjwa nokuvalelwa kwabantwana makube yinto yokugqibela.
uMgaqo-siseko weNtshona Koloni, ka-1997 onguNombolo 1 ka-1998	iSahluko 78 soMgaqo-nkqubo siyichaza imisebenzi yoMkomishinala Wabantwana njengowokuncedisa uRhulumente weNtshona Koloni ekuphakamiseni nasekukhuseleni abantwana beNtshona Koloni yaye sibhekisa ingakumbi kwiNkonzo Yentlalo-ntle.

4.2 Legislative Mandates

Legislation	Impact on DSD functionality
uMthetho iProbation Services Amendment Act 35 ka-2002	Injongo yawo kukulungisa uMthetho iProbation Services Act, 1991, ukuze kufakwe izichazi ezithile ukuze: <ul style="list-style-type: none"> ● Kwenziwe izibonelelo ngokweenkqubo ezijoliswe ekuthintelweni nasekulwisaneni nolwaphulo-mthetho; ● Kunwenwiswe amagunya nemisebenzi amagosa oluleko; ● Kunikezelwe ngemisebenzi yabancedisi bamagosa oluleko; ● Kuvakaliswe ngohlolo olusisinyanzeliso lwabantwana ababanjiweyo; ● Kuvulwe amathuba okusekwa kwekomiti yeengcebiso ngoluleko; ze ● Kuvulwe namathuba okuchongwa abo bazakukhangela iintsapho; ze kuvulelwe ke nezibonelelo zeminye imiba eyayamene nale.
uMthetho iNon-Profit Organisations Act, Nombolo 71 ka-1997	Injongo yalo Mthetho kukuxhasa iiNPO ngokuthi kusekwe isikhokelo solawulo nesomiselo apho iiNPO zinokwenza imicimbi yazo.
uMthetho iDomestic Violence Act, Nombolo 116 ka-1998	Injongo yalo Mthetho kukunika amaxhoba obundlobongela basekhayeni elona nqanaba lokhuseleko liphezulu kwabo babaxhaphazayo.
uMthetho iSocial Service Professions Act, Nombolo 110 ka-1978; owalungiswa ngo-1995, ngo-1996 nango-1998	Lo Mthetho waseka iBhunga Lamakhono ooNontlalo-ntle boMzantsi Afrika futhi ke ukwachaza amagunya nemisebenzi yebhodi yeenkonzo zoluntu kwakunye nekhono ngokwalo.

Legislation	Impact on DSD functionality
uMthetho iChildren's Act, Nombolo 38 of 2005	<p>Lo Mthetho waqala ukusebenza ngokweSibhengezo sikaMongameli ngomhla wokuqala kwinyanga kaTshazimpuzi ka-2010 futhi ke uchaza:</p> <ul style="list-style-type: none"> ● Amalungelo noxanduva lwabantwana; ● Uxanduva namalungelo abantwana; ● Imigaqo nezikhokelo ekukhuselweni kwabantwana; ● Ukuphakanyiswa kwentlalo-ntle yabantwana; kunye ● Nokuhlanga-hlanganiswa kwemithetho echaphazela intlalo-ntle nokhuseleko lwabantwana ze, futhi, neemeko zeentlekele.
uMthetho i-Older Persons Act, Nombolo 13 ka-2006	<p>UMthetho i-Older Persons Act ongunombolo 13 of 2006, waqala ukusebenza ngokweSibhengezo sikaMongameli ngomhla wokuqala kwinyanga kaTshazimpuzi ka-2010, futhi ke ujonge ukuxhobisa nokukhusela iinkonde neenkondekazi kuquka nesimo sabo, amalungelo, intlalo-ntle, ukhuselo, ukhuseleko kwanokulwisana nempatho-mpi kubantu abadala.</p> <p>Lo mthetho uphakamisa inkalo yophuhliso ebubukayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> ● Ubulumko nezakhono zabantu abadala; ● Ukuthatyathwa kwenxaxheba ngabantu abadala kwimicimbi yokuhlala; ● Ukumiselwa kokubhaliswa kweenkonzo ezinikwa abantu abadala; kunye ● Nokusekwa nolawulo lweenkonzo namaziko ahlala abantu abadala. ● Ngokungafaniyo ne-Aged Persons Act 81 ka-1967, apha kugxininiswa kunonophelo olusekelwe ekuhlaleni hayi kumaziko, apho abantu abadala bahlala apho emakhayeni abo kangangoko.
uMthetho iPrevention and Treatment for Substance Abuse Act, Nombolo 70 of 2008	<p>Lo Mthetho inikezela ngesikhokelo esihlanganyelweyo sokunikezelwa kweenkonzo ngendlela efanayo kwinkalo yokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi kuwo onke amasbe aseburhulumenteni. Owona ndoqo walo mthetho kukuphakanyiswa kweenkqubo zamalinge okungenelela kwangethuba ndawonye nokubhaliswa kwamalinge onyango kwinkalo yokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi.</p>
uMthetho iChild Justice Act, No. 75 of 2008	<p>Lo mthetho useka inkqubo yobulungisa bolwaphulo-mthetho The Act establishes a criminal justice process for children accused of committing offences and aims to protect the rights of children.</p>
uMthetho iSexual Offences and Related Matters Amendment Act, Nombolo 6 ka-2012	<p>Kukulungisa uMthetho iCriminal Law (Sexual Offences and Related Matters) Amendment Act, ka-2007, ngenjongo yokubonelela ngokuphandle ngegunya lokohlwaya kwizenzo zolwaphulo-mthetho ezithile ezithe zachazwa kulo mthetho ukuze iinkundla zibone ngokwazo ukuba zohlwaye okanye zigwebe njani kwiimeko ezinje; kwanokubonelela ngesikhokelo kwezinye iimeko ezikumila kunjenge.</p>
uMthetho iPrevention and Combatting of Trafficking in Persons Act, Nombolo 7 ka-2013	<p>Lo mthetho unika amandla uMmiselo woMbutho Weziwe Ezimanyeneyo ongokuthintela, ukucinezela kwanokohlwaya umkhwa wokuxhwilwa kwabantu, ingakumbi amanina nabantwana, ngoko ke kube kuncediswana nengqungquthela yoMbutho Wezizwe Ezimanyeneyo ochasene nolwaphulo-mthetho olucanda imida yamazwe.</p>
uMthetho iProbation Services Amendment Act 35 ka-2002	<p>Injongo yawo kukulungisa uMthetho iProbation Services Act, 1991, ukuze kufakwe izichazi ezithile ukuze:</p> <ul style="list-style-type: none"> ● Kwenziwe izibonelelo ngokweenkqubo ezijoliswe ekuthintelweni nasekulwisaneni nolwaphulo-mthetho; ● Kunwenwiswe amagunya nemisebenzi amagosa oluleko; ● Kunikezelwe ngemisebenzi yabancedisi bamagosa oluleko; ● Kuvakaliswe ngohlolo olusisinyanzeliso lwabantwana ababanjliweyo; ● Kuvulwe amathuba okusekwa kwekomiti yeengcebiso ngoluleko; ze ● Kuvulwe namathuba okuchongwa abo bazakukhangela iintsapho; ze kuvulelwe ke nezibonelelo zeminye imiba eyayamene nale.

4.3 Eyona misebenzi yeli Sebe

Eli Sebe lizinikele kule misebenzi ingundoqo ilandelayo:

- **Inkonzo Yentlalo-ntle Yoluntu** kubantu abahlelelekileyo nabasemngciphekweni ngentsebenziswano namahlakani kwanemibutho yoluntu ngokubanzi; kunye
- **Inkonzo Yophuhliso Loluntu Ekuhlaleni** enikezela iinkonzo zophuhliso eziluqilima, eziphakamisa ukuxhotyiswa koluntu ekuhlaleni.

4.4 Izikhokelo Ngokwemigaqo-nkqubo

- **Isikhokelo Sesicwangciso-qhinga Sexesha Elingephi (sika-2014-2019):** esi Sikhokelo Sesicwangciso-qhinga Sexeshana Elingephi sisicwangciso-qhinga sikaRhulumente kwisithuba solonyula luka-2014-2019. Sibonakalisa ukuzinikela okwenziwe kwisibhambathiso sezolonyulo sombutho olawulayo, okuquka ukuzinikela ekuphumezeni Indp. Esi sikhokelo sibhentsisa iintshukukumo azakuzithabatha urhulumente ngenjongo yokuqinisekisa ukuzuzeka kwezi njongo. Injongo yesi sikhokelo ukuthungelana kwemigaqo-nkqubo, ukubona ngaso-nye kwanokuhambelana kwayo kuzo zonke izicwangciso zikarhulumente kwanokuthungelani nweenkqubo zohlahlo lolwabiwo-mali.
- **Isicwangciso Sophuhliso Lwesizwe (sika-2012):** IKomishoni Yezocwangciso Lwesizwe yathi yapapasha "Isicwangciso Sophuhliso Lwesizwe: Umbono ka-2030" ngomhla we-11 kwinyanga yeNkanga ka-2011 njengenyathelo eliqalisa inkqubo entsha kuMzantsi Afrika, nyathelo elo linjongo ikukuphelisa intlupheko kwanokunciphisa ukungalingani ukuya kuthi ga ngo-2030. Uxwebhu oluhlaziyiweyo "Isicwangciso Sophuhliso Lwesizwe sika-2030: Ikamva Lethu – lenze lisebenze" lwapapashwa ngo-2012.
- **I-OneCape2040: Sisuka Kumbono Siye Kwintshukumo (ka-2012):** URhulumente weNtshona Koloni wathi wamkela lo mbono ngenyanga yeKhala ka-2012. Ujolise ekukhuthazeni iinguqu ezikhokelela kwikamva loqoqosho elibandakanyayo neliluqilima kwiNtshona Koloni. Uvakalisa umbono obonakalisa iindlela abangasebenzisana kunye ngayo abantu baseNtshona Koloni ukuze baphuhlise uqoqosho lommandla wabo beluluntu ngokubanzi, ze ngokwenza oko, babe banikezela umkhomba-ndlela kucwangciso neentshukumo ngenjongo yokuphakamisa ukuzinikela ngendlela enye kwanokunikezela iingxelo kwindlela eya kwinkqubela yokuzimela ithuba elide.
- **Isicwangciso-qhinga Sephondo sika-2015-2020:** Esi ke sisicwangciso seminyaka emihlanu esidiza izicwangciso-maqhinga nezicwangciso zikaRhulumente weNtshona Koloni zesithuba seminyaka emihlanu ezayo. URhulumente weNtshona Koloni uchonge amanqaku esicwangciso-qhinga amahlanu kwinjongo yakhe yokufaka igxalaba ekuzuzweni kweenjongo namanqaku eSicwangciso Sophuhliso Lwesizwe kwisithuba seminyaka emihlanu ezayo.
- **Uxwebhu Logayo-zimvo Ngentlalo-ntle Yoluntu (ka-1997):** The White Paper serves as the foundation for social welfare after 1994 by providing guiding principles, policies and programmes for developmental social welfare systems.
- **Uxwebhu Logayo-zimvo Ngomgaqo-nkqubo Ongabemi kuMzantsi Afrika (ka-1998):** Olu Xwebhu Logayo-zimvo luphakamisa uophuhliso loluntu oluluqilima kwakunye nezinga lempilo kuye wonke ummi woMzantsi Afrika ngokuthi kuhlanyelwe imiba yabemi

ifakwe kuphuhliso locwangciso kumabakala karhulumente ngokwahlukana kwawo kwakunye nakwiinkalo zoluntu ngokubanzi. Eli Sebe linoxanduva lokunikezela umkhomba-ndlela walo mgaqo-nkqubo kunye nefuthe lawo kwiinguqu zamanani abemi kwinkalo yophuhliso loluntu oluluqilima.

- **Umgqaqo-nkqubo weSebe Lophuhliso Loluntu Ekuxhasweni Ngemali Kwemibutho Engekho Phantsi Kolawulo Lwaseburhulumenteni Ekunikezelweni Kweenkonzo Zentlalo-ntle Yoluntu Nezophuhliso Loluntu Ekuhlaleni (ka-2013):** Emva kokuba lunikwe umkhomba-ndlela wokuphunyezwa ukususela ngomhla wokuqala kwinyanga kaTshazimpuzi ka-2013, lo mgaqo-nkqubo uqinisekisa ukuba ukwenziwa kweentlawulo kulawulwa ngendlela ebonakalayo nephakamisa ukunikezelwa kweengxelo, ulawulo olululo, iimfuno zentsebenzo ezicacileyo, kunye nemigaqo yobulungisa kwezolawulo. Lo mgaqo-nkqubo ufhungelana noMgaqo-nkqubo Wesizwe Kwiimbasa Zemali.
- **Uxwebhu Logayo-zimvo Ngosapho (luka-2013):** Eyona njongo yolu xwebhu Logayo-zimvo kukuphakamisa intlalo-ntle kwiintsapho, ukuphuhlisa nokomeleza iintsapho, ubomi bosapho kunye nokujongelwa phezulu kwemiba yeentsapho kwiinzame zokuqulunqwa kwemigaqo-nkqubo ngurhulumente ngokubanzi. Sithetha nje, eli Sebe liqulunqa isicwangciso sephondo ngenjongo yokuphunyezwa koxwebhu Logayo-zimvo Ngeentsapho.
- **Isikhokelo Seenkonzo Zentlalo-ntle Yoluntu (sika-2011):** Esi sikhokelo sesizwe siphunyeziweyo sithungelaniswe neSimo Sokunikezelwa Kweenkonzo Esihlanganyelweyo futhi sinikezela izibonelelo zenkqubo eyenziwe yafana ngokomgangatho apho oonontlalo-ntle bazakukwazi ukunikezela ngenkonzo yentlalo-ntle yoluntu ekumgangatho ofanayo nophezulu, ogqibeleleyo, ohlanganyiselweyo, osekelwe kumalungelo nonezibonelelo ezizizo.
- **Imigaqo Nemimiselo Efanayo Kwiinkonzo Zentlalo-ntle Yoluntu (ka-2011):** Lubonelela ngesikhokelo sokunikezelwa kweenkonzo zentlalo-ntle yoluntu ezisemgangathweni yaye iyingxenye yeSikhokelo Seenkonzo Zentlalo-ntle Yoluntu.
- **Imimiselo Yeenkonzo Zoluleko (sika-2013):** Le mimiselo yapapashwa kwiGazethi Yemimiselo Engunombolo 36159, ngomhla we-15 kwinyanga yoMdumba ka-2013, VIsihlandlo 572, Nombolo 9911, ejoliswe ekumiseleni nasekuphuculeni iinkonzo zoluleko.
- **Isicwangciso Sesizwe Sokulwisana Neziyobisi (sika-2008):** Esi sicwangciso sinikezela ngesikhokelo sokuhlanganiswa kwemisebenzi yamasebe kwakunye noorhulumente bamakhaya ngokwemigaqo yomthetho iPrevention and Treatment for Substance Abuse Act, Nombolo 70 ka-2008. Injongo yaso kukuqinisekisa ukuba eli lizwe linendlela enye efanayo kumcimbi wokusebenziswa gwenxa kweziyobisi.
- **Isikhokelo SokuSokuhlolwa Komsebenzi Wekhono Lentlalo-ntle kuMzantsi Afrika (sika-2011):** Inikezela isikhokelo sokuqwalaseliswa ngendlela koonontlalo-ntle, abafundi bezentlalo-ntle, abancedisi boonontlalo-ntle, abafundi ekuncedisweni koonontlalo-ntle, iingcali kwezentlalo-ntle yoluntu kwakunye nanasebenzi abazimeleyo ngenjongo yokuqinisekisa ubukho beendlela zokusebenza kwintlalo-ntle ezisemgangathweni nezanceda abaxhamli nabasebenzisi bezi nkonzo kwinkalo yezentlo-ntle yoluntu kuMzantsi Afrika.
- **Isikhokelo Sokuqinisekiswa Komgangatho Weenkonzo Zentlalo-ntle Yoluntu (sika-2013):** esi sikhokelo sinikezela ngenkqubo eyondelelanayo kwakunye nemigangatho ecacileyo

yokuhlola ukusebenza kwanokubonelela ngophuculo oluqhubayo kwinkalo yeenkonzo zentlalo-ntle yoluntu.

- **Isikhokelo Sokuqinisekiswa Komgangatho Wokuhlolwa Kwentsebenzo Yokunikezelwa Kweenkonzo Zentlalo-ntle Yoluntu Nophuhliso Loluntu Ekuhlaleni (sika-2015).** Esi sikhokelo sithungelaniswe neSikhokelo Sokuqinisekisa Umgangatho Wentlalo-ntle Yoluntu (sika-2013) yaye siza necebo eligqibeleleyo lokuhlolwa kwentsebenzo ngendlela yokuqinisekisa umgangatho weenkonzo zophuhliso loluntu ekuhlaleni kunye nezentlalo-ntle kweli Sebe kwanakwicandelo lemibutho engajonge ngeniso kweli phondo. Sikwajolise ekuphuculweni komgangatho kwinkalo yokunikezelwa kweenkonzo ze ichaze ukugqwesa kweenkonzo kwanendlela ekufuneka kuhlolwe ze kulawulwe ngayo.
- **Tsicwangciso-qhinga Sokuqinisekiswa Komgangatho Weenkonzo Zonophelo Nokhuselo Lwabantwana:** Ukuqulunqwa nokulawulwa kwesicwangciso-qhinga ngenjongo yokuqinisekisa ukuba kwenziwa amalinge okwenyuswa komgangatho kumaziko anonophela abantwana nolutsha njengoko kuthiwe theca kwiSahluko 211 nommiselo 89 womthetho iChildren's Act.
- **Isicwangciso-qhinga Sesinikezelo Esixhotyisiweyo Samaziko Eenkqubo Ezahlukeneyo:** Ukuqulunqwa nokulawulwa kwesicwangciso-qhinga ngenjongo yokuqinisekisa ukusasazwa ngendlela eyiyo kwezibonelelo, iiCYCCs ezihlanganyelweyo nezilawulwayo kweli phondo, ukunikezelwa kothotho oludingekayo lweenkqubo zononophelo kumaziko anikezela ngenkonzo yokuhlalisa njengoko kucwangcisiwe kwiSahluko 192 somthetho iChildren's Act, Nombolo 38 ka-2005.
- **Isicwangciso-qhinga Solutsha seSebe Lophuhliso Lolutsha (sika-2013):** Kukunikezela umkhomba-ndlela, ukwazisa nokukhaphela inkqubo yeli sebe yophuhliso lolutsha kwakunye nemiba ephambili kwanokuzisa ngaphambili umlinganiselo oluqilima wokuthelekeleleka osuka kwiinkqubo zesebe. Sikwasebenza njengesixhobo esibalulekileyo sokucwangcisa esijoliswe ekusombululeni izidingo zabantu abasebatsha bephondo leNtshona Koloni.
- **Isicwangciso-qhinga Sophuhliso Lolutsha lweNtshona Koloni (sika-2013):** "injongo yesicwangciso-qhinga (sephondo) sokuphuhliswa kukongeza kwinkxaso, amathuba neenkonzo kubo bonke abantu abatsha ukuze babenokusebenzisana neendawo abakuzo negndlela engcono ze ngempumelelo bakhule babe ngabantu abadala abathathela kubo uxanduva, abazimeleyo nabazinzileyo. Sijolise kubantu abasebatsha ngaphambi kokuba bafikise, abakwiminyaka ephakathi kweshumi neshumi elinane ubudala kwakunye neminyaka 'yobutsha' ephakathi kweshumi elinesihlanu namashumi amabini anane ubudala".¹
- **Isicwangciso-qhinga Sephondo Esihlanganyelweyo Sophuhliso Lwabantwana Abaselula (sika-2012):** Esi sicwangciso-qhinga senza kufikeleleke iinkonzo ezisemgangathweni ze-ECD (ezuquka iBanga uR) neziyakuvumela abantwana abangangoko kunakho ukuthi bafumane amandla okuzimela, ukuzithemba, izakhono namandla okwenza izinto ngenjongo yokuqinisekisa ukuba baxhotyiswe ngokwaneleyo yaye bangabafundi abaphekiweyo ukusukela kwiBanga 1 ukuya kwele-12.
- **Umgqa-nkqubo Wesizwe Ekunikezelweni Kweenkonzo Zentlalo-ntle Kubantu Abakhubazekileyo (ka-2013):** Eyona njongo kukunika umkhomba-ndlela nokuhlenganisa ukunikezelwa kweenkonzo zophuhliso loluntu eziphambili kubantu abakhubazekileyo. Injongo yasaso kukuqinisekisa ukuba siyalondolozwa ze sifezekiswe isidima namalungelo

¹ Lisuntswana elithathwe kwiMbula-mbethe yeSicwangciso-qhinga Sophuhliso Lolutsha kwiNtshona Koloni sika-2013, yiNkulumbuso uHelen Zille.

abo bonke abantu abakhubazekileyo, ngokuthi kunikezelwe iinkqubo neenkonziso ezisemgqeni eziqinisekisa ukubandakanyeka kwabo.

- **Isicwangciso Sendlela Yokusebenza seSebe Lophuhliso Loluntu leNtshona Koloni Ekususweni Kwabantwana Abahlala Ezitalatweni Basiwe Kwindawo Ekhuselekileyo kwakunye Neenkqubo Ezilandelayo (sika-2015):** Inkqubo yendlela yokusebenza yathi yaqulunqwa njengenkqubo yamanqanaba ahlukeneyo ngendlela yokwenziwa kwezinto xa kususwa umntwana ohlala ezitalatweni odinga unonophelo nokhusele kwindawo yokhuseleko. Sithi thaca imisebenzi noxanduva lwabasebenzi beli Sebe kwanamanye amahlakani akwicandelo lemibutho engajonge ngeniso kwakunye namacandelo okuqulunqwa kwemigaqo-nkqubo: le nkqubo idiza: amaxesha ekufuneka ehlonelwe; sinikezela ngeengcaciso ngabantwana abahlala ezitalatweni; ukuba ibhekise kubani na le nkqubo; ichaza imigaqo-nkqubo elawulayo; yaye iqulethe iinkcukacha zozhakamshelwano zabo bonke abanendima abayidlalayo kulo mba.
- **Isikhokelo Sophuhliso Lwemeko kwiNtshona Kolobni (sika-2014):** Esi sikhokelo sisebenza njengesiseko sokuqulunqa, sokuhlenganisa kwanokuthungelanisa ukunikezelwa kweenkqubo zesebe lesizwe nawamaphondo ngendlela "ejolise eluntwini"; sinika inkxaso oomaspala ukuze babe nokuzuzwa onke amandla nezakhono zabo zokucwangcisa ngokwemigaqo yamaphondo norhulumente wesizwe; sixhasa ze sinike inkcazelo ngeenjongo zikarhulumente ngokomba wokuphuhliswa kwemihlaba kwicandelo labucala kwanakuluntu ngokubanzi.
- **Isicwangciso-qhinga seSebe Lophuhliso Loluntu Esiingokuphuculwa Kweenkonzo Zononophelo Nokhuseleko Lwabantwana (sika-2015):** Esi sicwangciso saqulunqelwa ukuthelekelela imingcipheko eyayanyaniswa nokuphunyezwa kweemfuno zemithetho, imigaqo nemimiselo yomthetho iChildren's Act. Isicwangciso-qhinga esi sichonga ze sifumanise abona nobangela bengxaki ze size nezisombululo zokusombulula iingxaki ezo.

4.5 Izigwebo Zeenkundla Ezichaphazelekayo

iWestern Cape Forum for Intellectual Disability: Umyalelo Wenkundla kwityala enombolo ingu- 18678/2007.

Isigwebo esathi sawiswa ngomhla weshumi elinanye kwinyanga yeNkanga ka-2010 sanika umkhomba-ndlela kurhulumente weNtshona Koloni ukuba eze nezisombululo ezizizo kumba wezidingo zemifundo zabantwana abakhubazeke kakhulu nangendlela enobuzaza. Ekuthobeleni esi sigwebo ke, isebe linomyalelo wokunikezelwa kweentlawulo kubantu abanonophela nabaphumeza amaphulo abantwana abakhubazeke ngokwasengqondweni kumaziko ononophelo angama-44 yaye lixhasa ngemali ukuthuthwa ngendlela ekhuselekileyo kwaba bantwana ukusuka nokuya kula maziko.

4.6 Amanyathelo Emigaqo-nkqubo Asacetywayo

- **Isikhokelo Solawulo Lwamahlakani Esisaqulunqwayo** siyakukhokela eli Sebe kwiintsebenziswano zalo nothotho lwamahlakani, ekuziseni iinkonziso zentlalo-ntle nezophuhliso loluntu ekuhlaleni.

5 Uhlalutyo Lwemeko

5.1 Imeko Yentsebenzo

Unonophelo Nokhuseleko Lwabantwana zilolona xanduva lweli Sebe ngokwemithetho. ngokoBalo-bemi luka-2011, iNtshona Koloni inamalunga nama-570 000 abantwana ababudala bususela esizalweni ukuya kwiminyaka emine yaye noxa kungalindelekanga ukuba likhule kakhulu eli nani kwisithuba seminyaka emihlanu ezayo, imiba yokhuseleko, ukuphuhla ngokwasengqondweni nesondlo ziyakuba yinto ekugxilwa kakhulu kuyo ngamanyathelo ongenelelo kwicandelo le-ECD. Uphando olukhe lwenziwa² kutsha nje lubonakalisa ukuba iinkonzo ze-ECD ezisemgangathweni zinefuthe elikhulu kwiziphumo zesikolo. Kungoko ke le nkqubo ye-ECD kufuneka isuke ekugxilweni ekwamkeleni abantwana igxile ekuphuculeni umgangatho weenkqubo ze-ECD kweli phondo. Kungoku nje iSebe lenza oku ngokuthi linikezele umkhomba-ndlela kundoqo wokunikezelwa kwale nkonzo kwiphondo ngokubanzi ngenjongo yokuseka inkqubo eyodwa ye-ECD ukuze kuphuculwe indlela yokuqondwa kolwimi kwanokuphuhlisa kweengqondo kumaziko alikhulu apho ukulungela isikolo kunye nokukwazi ukubala kungemanga kakuhle mpela. Oku kungenelela kujolise ekugm pnikeni abantwana amandla ukuze bamelane ngcono nesikolo. ISebe lifaka igxalaba Kwiintsika Zokuphucula limeko Kwinkqubo Yephondo Yononophelo Lwasemva Kwesikolo ngokwamaziko alo eliwanika inkxaso-mali Anikezela Unonophelo Olungagqibelelanga Lwasemva Kwesikolo yaye kujolise ekuphuculeni umgangatho weenkqubo, lidale imeko yokufundela ekhuselekileyo nenika amandla ze livulele ukukhutshwa kwezibonelelo ngokweenkqubo zentsebenziswano.

Ubalo-bantu luka-2011 lunikezela ingxelo ethi basi-1 739 425 bebonke abantwana abaphakathi kwesizalo neshumi elinesixhenxe leminyaka ubudala kwiNtshona Koloni. Uphando ke lubonakalisa izinga eliphezulu lokuphathwa gadalala kwabantwana. Nto leyo icacisa mhliphe ukuba kufuneka kuqinisekwe kwizicwangciso-maqhinga zokukhuselwa kwabantwana. Iinkonzo zononophelo nezokhuseleko lwabantwana zezinye zabona ndoqo baphambili bomsebenzi weli Sebe yaye eyona njongo yalo inkulu kwiaithuba seminyaka emihlanu ezayo iyakuba kukwenyusa izinga lezi nkonzo zibe zezikwinqanaba elibekelwe ngumthetho iChildren's Act, kwanokuzihlanganisa nezamanye amasebe ephondo, ezoomaspala, ezeeNPO kunye nezamanye amahlakani akwicandelo labucala ngenjongo yokufaka igxalaba ekuzuzweni kwePSGs 2 no-3. Ukuza kuthi ga ngoku, eli Sebe liqulunqe amacebo okudlulisela neWCED aqinisekisa ukufikelela kwiinkonzo zabantwana abakhubazekileyo nabazibhaqa begutyungelwa ziimeko zokungaziphathi ngendlela, umgaqo wabantwana abahlala ezitalatweni onika amandla okususa esitalatweni umntwana onesidingo sokunonotshelwa kwanokufakwa kwakhe kwiziko lononophelo elikhuselekileyo, njengoba Uphando Lwenkundla Yabantwana lusaqakunjelwa ze nomyalelo woko wenkundla usakhutshwa. Okokugqibela, ukuphinyezwa kwesicwangciso-qhinga sesebe sokuqinisekisa iinkonzo zononophelo nokhuseleko lwabantwana kwiNtshona Koloni sijolise ekunikezeleni isimo sokuphila apho oonontlalo-ntle banakho ukwenza imisebenzi yabo elindeleke ngokomthetho kakuhle.

ngokoBalo-bantu luka-2011, basi-1 041 553³ abantu ekunikezelwe ingxelo yokuba baphila neentlobo ezahlukeneyo zokukhubazeka kwiNtshona Koloni, ngaphandle kwabo bazinonophelayo. Bali-190 929 abathi bona abakwazi kuzinonophela. ISebe liyakuthi ke kwisithuba seminyaka emithathu ezayo liqhube nokuphakamisa amalungelo, intlalo-ntle

² Western Cape Department of Social Development (2014). Early Childhood Development Retrospective Tracker, Exploring the impact of Grade R attendance on later primary school performance in the Western Cape, March 2014. Internal research report compiled by Johnnie Tolken. The Impact of the Introduction of Grade R on Learning Outcomes, Servaas van der Berg, University of Stellenbosch (USB) 2014.

³ This number is less than the sum total of all the types of disability mentioned because some people have multiple disabilities and are included in more than one category.

nokuphuhliswa koqoqosho loluntu kwanokulungiswa kweemeko zabantu abakhubazekileyo kunye neentsapho zabo okanye abantu ababanonophelayo. Esongezelelweyo isixa esingama-R37 ezigidi sathi sanikezelwa okokuqala kunyaka-mali u-2015/16 yaye sizakudluliselwa ze senyuswe kwisithuba xesha elingephi senkcitho ukuze kuxhotyiswe nangakumbi icandelo lokukhubazeka. Oku ke kuquka ukuphunyezwa komyalelo wenkundla (owakhutshwa ngomhla weshumi elinanye kwinyanga yeNkanga ka-2011) kwinkalo yabantwana abakhubazeke kakhulu ngokwasengqondweni. Ngapha koko, kuthe kwasekwa necandelo lokukhubazeka, liyasebenza, yaye lijolise kwiindawo zokuhlala eziphucukileyo kwanokufikeleleka kwabasebenzi bakaRhulumente weNtshona Koloni; ukusekwa kweziko lokuhlala elinonophelayo eMaitland elihlalisa abantu abangamashumi amathathu abakhubazeke ngokwasengqondweni kwanabo banomngeni wendlela yokuziphatha; kwanokudluliselwa kolawulo lwendawo yokuhlalisa enikezela ngononophelo kubantwana nabantu abadala abakhubazeke ngokuphinda-phindeneyo kwiSebe Lempilo ukususela ngomhla wokuqala kwinyanyanga kaTshazimpuzi ka-2016.

INtshona Koloni ilikhaya kwi-2,2 yezigidi zabantu abaphakathi kweshumi elinesihlanu namashumi amathathu anane eminyaka ubudala.⁴ Xa sisebenzisa iinkcukacua zoBalo-bantu luka-2011, kubalwe kwafumaniseka ukuba bali-13% abantu bantu batsha (bamalunga nama-277 160) abanokuthatyathwa 'njengabangaphangeliyo, abangafundiyo okanye abangekho kuqeqesho' (iNEETS)⁵. Bangaphezu kwam-60% abantu abangaphangeliyo abanenqanaba lemfundo elingezantsi kweMatriki. Ezona ziphumo ziphambili kolu phando ke malunga neNEETS⁶ zidiza ifuthe elibi lolwaphulo-mthetho olunobundlobongela, ukusefenziswa gwenxa kwezinyobisi kwaneendlela ezimbi zokuziphatha zamaqela emigewu kubantu abatsha beNtshona Koloni. Abona ndodo beli sebe kwisithuba seminyaka emithathu ezayo kukuqinisekisa ukuba iinkqubo zesebe ezinentsi yokwenza nolutsha zithungelaniwa neziphumo zexesha elide zeSicwangciso-qhinga sePhondo Sophuhliso Lolutsha (iSPSL ngamafuphi) yaye kukho ukugxila ngokwesicwangciso-qhinga kwiNEETS. Ngapha koko, isebe liyakuzama, ngentsebenziswano necandelo eli, ukuthungelaniwa iinkqubo ezinentsi yokwenza nolutsha zeNPO kunye neziphumo zesisicwangciso-qhinga sophuhliso lolutsha kwiphondo. Kwangahlobo lunye kwicandelo laseburhulumenteni, iSebe, ngentsebenziswano neSebe LeNkulumbuso (iDotP) liyakuqinisekisa ukuthungelaniwa nokuphunyezwa kweenkqubo ezijolise kulutsha kuwo onke amasebe karhulumente wephondo.

ISPSL sele iphunyeziwe yaye iiYouth Cafés **ezine sele zisebenza kungoku nje yaye zenzelwe ukunikezela iindawo ezidlamkiso nezinefuthe elihle kubantu abatsha yaye zinika abantu abatsha amathuba okufikelela kwiinkqubo zophuhliso lwezakhono, iintlangano zoqeqesho, iisemina, kwakunye namathuba oshishino. Kuyakuthi kuvulelwe ulutsha namanye amathuba kwinkqubo i-EPWP.** Ukuphuculwa kwendlela esebenza ngayo le nkqubo kukhokelele ekuphindaphindekeni kalithoba kwenkxaso-mali enemiqathango - ukususela kwiR1,8 yezigidi ukuya kwi-R9,9 sezigidi. Xa kuthelekelelwayo, le nguqu iyakuveza amathuba engaqesho ali-1 425 kulo nyaka-mali.

Ukukhula nokuguga kwabemi beNtshona Koloni kuvezwe kuma-48% okukhula kwinkalo yabantu ababudala bungama-60 nangaphezulu, phakathi kobalo-bantu luka-2001 noluka2011 – abemi beNtshona Koloni bakhule ngama-29% kwakwesi sithuba sinye. Iintelekelelo zokukhula kwabemi zakutsha nje zithi abantu ababudala bukwiminyaka engama-60 nangaphezulu bayakukhula ngamanye ama-35% phakathi kuka-2011 no-2020.

⁴ Census 2011

⁵ NEETS refer to youth who are 15 or older, have dropped out of school before completing Matric, are unemployed and do not have a skill/training.

⁶ Sauls, Heidi (2014). A Situational Analysis of Youth in the Western Cape. Internal research report for the Western Cape Department of Social Development. Final draft.

Ekumelaneni nobu bungqina bokwenyuka kwamanani abemi abadala kweli phondo, ndawonye nokuphunzwa komthetho i-Older Person's Act, iSebe liye laphumeza amanganelo okunceda kubantu abadala kuquka namaziko azimeleyo nancediswa ngenkxaso anikezela ngendawo yokuhlala.

Izehlolo zolwaphulo-mthetho kuluntu kwiNtshona Koloni ziseyinkxalabo ngenxa yeziphumo nefuthe lazo elibi kwintlalo-ntle yoluntu lweli phondo ngokoqoqosho. Okona kwanda kubaluleke kakhulu kwiingxelo zolwaphulo-mthetho kweli phondo zenzeke kwinkalo yolwaphulo-mthetho lunento yokwenza neziyobisi, nokwenyuka okufikelela kwi-156,3% kwithuba eliphakathi kuka-2005 no-2015. Uphando lweSebe kumatyala obundlobongela basekhayeni ekuthe kwanikezelwa ingxelo ngawo luthi zenyuka nge-18% ezi zenzo phakatthi kuka-2007 no-2010. Eli Sebe liyakuqhuba liqixela ekuxhobiseni amaxhoba; kwiisheltha zabantu abadala abangenamakhaya, ingakumbi amanina nabantwana; kwakunye nokuhlaliswa okukodwa kumaxhoba okuxhwilwa nokushishina ngabantu. Iinkonzo zoluleko kunye kunye neendlela zokululeka ezizezinye. Ekwandeni kwalo mkhwa wokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi lulutsha kweli phondo, kuthe kwasekwa iinkonzo zokunyangelwa ukusetyenziswa gwenxa kweziyobisi kuwo onke amaziko akhuselekileyo anonophela abantwana nolutsha yaye oku kuyakuqhuba isithuba seminyaka emihlanu ezayo, njengoko kuyakuba njalo nakwiinkqubo ezisekelwe ezikolweni zokunyangelwa iziyobisi ekungoku nje zifakwa ezikolweni ezisemngciphekweni omkhulu. Ngapha koko, iSebe linabameli kwiiNkqubo Zokwenza linguqu Zokwazisa Ngeengozi Zotywala yay eke ngolu hlobo, liyakube lithungelana iinkqubo zalo zokungelela ngendlela.

Ubalo-bantu luka-2011 luthi asi-1 634 000 amakhaya anamalungu osapho ama-3,56 kwiNtshona Koloni. Uninzi lwezi ntsapho namakhaya, axhatshazwa ziimeko zoqoqosho ezimaxongo ekuboneleleni ngezidingo zamalungu azo. Imingeni yomngcipheko efana nentswela-ngqesho, ulwaphulo-mthetho nokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi zibeka emngciphekweni intlalo-ntle yeentsapho kweli phondo. Kungoko ke iNkqubo Yononophelo Nenkxaso Kwiintsapho kungoku nje igxile ekuphuhliseni kobuqilima ngokuthi kunikezelwe iinkonzo zolondolozo nokomelezwa kweentsapho.

Okokugqibela, ukuqinisekisa ukuba isebe lisa iinkonzo zalo kwezi ndawo zifuneka kuzo nangendlela ezifuneka ngayo, lisebenzisa izixhobo zeeNkqubo Zeenkukacha Ngemihlaba ngenjongo yokufumanisa iindawo abakuzo abaxhamli balo (kwanabo basezakuxhamla, ngokusekelwe kwiinkukacha zothelekelelo) ngokuthelekiswa kwimeko egqibayo yokunikezelwa kweenkonzo kunye neyoqoqosho loluntu. Uqoqosho loluntu lubhekisa kwabona bantu bazidingayo ezi nkonzo ze iinkukacha ezingemo tyokunikezelwa kweenkonzo iciahze ukuba izibonelelo zeli sebe zikhutshwa zinikezelwe ngendlela kwezo nkalo zidingeka kuzo na. ukunikezelwa kweenkonzo ngokwesigaba somhlaba sibaluleke kakhulu kwimeko yoqoqosho esoloko iphantsi kwimeko yoxinzelelo ngokwemali ekunikezelweni kweenkonzo ezikhutshwa ngokomthetho ezi nkukacha zifakwa kwinkqubo yocwangciso eyenziwa ngentsebenziswano noorhulumente bamakhaya.

Imeko Yesebe

ISebe lisaqhuba nokujamelana nemingeni njalo ekwenzeni imisebenzi yalo kwimeko yezoqoqosho exinzeleleke kakhulu, kwimeko yokukhula kwamanani abemi bephondo, imingeni engumvuka weendlela ezimbi zokuziphatha eluntwini kwanokwenyuka kwezinga lesidingo seenkonzo. Kule meko ke kubaluleke kakhulu ukwakha isebe elisebenza ngendlela. Abona ndoqo kweli linge kukuphuculwa kwesimo sesebe, amaqhinga aluqilima okulondolozwa kwemali, iinkqubo zolawulo lwemicimbi yesebe eziphilileyo kwakunye neenkqubo zoshishino nezicwangciso-maqhinga eziphilileyo ngenjongo yokunikezelwa kweenkonzo zalo, kujoliswe ekuzuzweni eyona misebenzi yeli sebe ngokuthiwe theca yimithetho elawulayo.

Ubume Besebe

Isimo sesebe esaphunyezwa ngo-2014 saquka ukudalwa kweCandelo Lophuhliso Lwabantwana Abaselula Nononophelo Olungagqibelelanga kwakunye namanye amandla akwiCandelo Lolawulo Elijongene Nentlalo-ntle Yabantwana kwakunye Neentsebenziswano Noluntu Ekuhlaleni ngenjongo yokuhlola intsebenzi yeeNPO kunye nokuhlonelwa kwemimiselo egqubayo kwimigaqo nemimiselo yezomthetho. Ngenyanga yoKwindla ka-2015, abasebenzi abakhoyo bathi bathungelaniswa neze bafakwa kwizithuba zengqesho kwesi sikhundla sitsha ze kwaqaliswa ukugaywa abanye abasebenzi bezikhundla ezingekabi nabantu kunyaka-mali u-2015/16. ICandelo Elijongene Nolawulo Nohlolo Lomgangatho Wesntsebenzo Yamaziko lithe laxhotyiswa ngesetyana lokuqinisekisa umgangatho ngenjongo yokuqinisekisa ukuba zonke iiCYCC kwakunye Namaziko Okhuseleko aphantsi kolawulo lweSebe nezi zifumana inkxaso-mali kwiSebe ayayithobela imigaqo nemimiselo ethiwe theca yimithetho iChildren's kunye neChild Justice Act. Oku ke kokuqinisekisa ukhuseleko nentlalo-ntle yaba bantwana, futhi abona baphila ubomi obusemngciphekweni kweli phondo.

Isicwangciso-qhinga sika-2015 seli sebe esijolise Ekuphuculweni Kweenkonzo Zononophelo Nokhuselelo Lwabantwana kwiNtshona Koloni siyakuphunyezwa kunyaka-mali ozayo. Amanyathelo okungenelela aquka uvavanyo nohlalutyo kwesimo see-ofisi zemimandla nezeengingqi ngenjongo yokuqingqa indlela eyiyo yokusebenza kwabaqeshwa, kuquka ke neenkonzo zokusebenzisana nabaxhamli emnyango kuquka neenkonzo zemimandla zezolawulo. Okunye okuhamba apha kukuvavanywa kweenkqubo zee-fisi zemimandla ngenjongo yokufumanisa ukuba oku kungaphuculwa njani na. ISebe lisebenzisana namaqela ophicotho kulunqo lwee-ofisi kwiphondo ngokubanzi kula malinge yaye ukucela kobungqina bezindululo, iSebe liyakuqala lenze iinguqu kwisimo solawulo ze kovalwe izikhewu zengqesho kwizikhundla ezibalulekileyo ngenjongo yokwehlisa ifuthe lokwehla kwemali kwinkqubo yokuhanjiswa kweenkonzo kwizikhundla seMTEF ngokubanzi. Ikho nenye inkqubo ekwafana nale kwinkalo yeCandelo Lolawulo: Kwezocwangciso Loshishini Nesicwangciso-qhinga. Injongo kukuvavanya ukuba ezi zikhundla zikhoyo ngoku ziyamelana na nezidingo ezikhoyo nezisezakubakho zeemfuno zeenkonzo ze kuthungelamiswe izibonelelo zabasebenzi ngendlela eyiyo. Ngokufanayo, ngokuxhomekeka kwizindulo ezizakucela kule nkqubo, iinguqu kwisimo solawulo lwerli sebe ziyakuchaphazeleka ze kovalwe izikhewu kwizikhundla ezibalulekileyo.

Iinkqubo Zoshishino

ISebe eli liyaqhuba nokuphucula iinkqubo zalo zeenkukacha zentsebenzo. Lusaqhuba iqeqesho ekuphunyezweni kwemigaqo yendlela yokusebenza yaye ifuthe loku libonakala kwingxelo yophicotho eengenaziphene efumaneka kunyaka-mali u-2014/15 – okwesibini ilandelelana. Elinye icandelo elithe lavavanywa kwikota yokugqibela yonyaka-mali u-2015/16 injongo ikukuvavanya umgangatho woxwebhu lokuqala. Ekuqosheliseni nasekuvavanyweni kolu hlolo, izifundo ezithe zafumaneka ziyakuhlanganiswa kule ndlela yokusebenza ikhankanywe ngendlela apha.

Le ndlela yokusebenza ke iyakufakwa ngokusesikweni njengengxenywe yenkqubo yeSebe yeSizwe Neyephondo kunye neDPME ngenjongo yokulawula nokucwangcisa, inkqubo yohlahlo lolwabiwo-mali nokunikezelwa kwengxelo. Le ndlela yokwenza izinto inikezela ngenkqubo yokuqulunqwa kwe-APP kunye nohlahlo lolwabiwo-mali lwayo, izicwangciso zokusebenza kweenkqubo zemimandla kwakunye neNgxelo Yonyaka – onke ke amaxwebhu angundoqo akule nkqubo yovavanyo. Iyakuquka amaxesha neendlela zokunikezelwa kweenkonzo ndawonye nemisebenzi noxanduva lwawona mahlakani kule nkqubo. Iinkqubo zocwangciso, ezohlahlo lolwabiwo-mali ezithe zaveliswa kwizithuba sonyaka anjongo

ikukuphakamisa ukunikezelwa kweengxelo kwanokusebenza ngendlela ebonakalayo kwanokuthiwa theca kwendlela ecacileyo ngezinto iSebe eliceba ukuzizua ngokweengxelo zekota eziye ziphelele kwiNgxelo Yonyaka. Ekugqibeleni oku kuyakuphelela kwinjongo yesicwangciso-qhinga seSebe “Ekukuphucula linkqubo zolawulo” ngokuthi kuphuculwe umgangatho wamaxwebhu ocwangciso nawokunikezelwa kweengxelo.

Amalinge okungenelela akwiSicwangciso-qhinga seSebe sokuphuculwa kweenkonzo zononophelo nokhuseleko lwabantwana kwiNtshona Koloni iindlela zokusebenza zeenkqubo kwaneendlela zokuphunyezwa kweenkonzo eziphantsi kwemithetho apho izinga lokuthotyelwa kwale mithetho liphantsi kakhulu. Imigaqo nemimiselo efanayo yokusebenza ethe yaqalunqwa liSebe ngeenkonzalo zalo iyakufakwa kwiiNPO ezixhaselwa ukunikezelwa kweenkonzo zononophelo nokhuseleko lwabantwana, ze ziqukwe nakwisihlomelo semiqathango yezibhambathiso zezivumelwano zazo zokunikwa inkxaso-mali. Oku ke kuyakukhatshwa luthetha-thethwano neeNPO ngenjongo yokuqinisekisa ukuthotyelwa komthetho iPAJA.

Kumba wesidingo seSicwangciso Sophuhliso Lwesizwe kwinkalo yokuthengwa kweenkonzo neemveliso, iSebe lithe laqulunqa indlela yokuzifumana eyinkqubo yokusebenzisana nesekelwe kwisicwangciso-qhinga ngenjongo yokuhlalutya ngendlela indlela isebe eliyichitha ngalo imali yalo ze kusetyenziswe ezo nkukacha ukwenza izigqibo zoshishino ngendlela yokuthenga izinto neenkonzalo ngeyona ndlela iqiqileyo. Ukuqinisekisa ukuba Ulawulo Lwetyathanga Leentengo, Ezohlolo Nokuthotyelwa Kwemimiselo kwakunye Nolawulo Lwesidingo iSebe lithe layiqwalaselisisa imeko yalo yetyathanga leentengo. Oku ke kuyakuqinisekisa inkqubo esebenza ngendlela yokuthengwa kwempahla karhulumbente. Iyakuqinisekisa nokuba ikho imikhomba-ndlela ecacileyo emayiphunyezwe ze oko kwaziswe isebe ngokubanzi.

ISebe ke liyakuqhuaba nokuphumeza iishedyuli zeenkonzalo njengeqhinga lokwenza isivumelwano Somgangatho Wenkonzo elinaso neCandelo Lemicimbi Yolawulo laseDotP usebenze. Iyakuqhuba kwakho nokuphumeza kwanokuphucula iindlela ezizizo zokusebenza ezichaphazela ukuqhutywa kwemicimbi neenkqubo zoluleko, ulawulo lwekhefu kwanokugaywa nokukhethwa kwabasebenzi.

ULAWULO LWEZIBONELELO ZABASEBENZI

Inggesho Nezikhewu Zengqesho

Uninzi lwezikhewu zengqesho kwisiko esitsha secandelo leCFO sele zivaliwe futhi ke4 ukuvalwa kwezikhewu ezithe zavela emva kwenkqubo yokuthungelaniwa nokufakwa kwabasebenzi kwizikhundla kumacandelo olawulo: Ezentlalo-ntle Yoluntu Kwanezokuphuhliswa Kwentsebenziswano Noluntu Ekuhlaleni ziza kuvalwa ngokupheleleyo kulo nyaka-mali sikuwo.

Itheybhile 1: Inggesho nezikhewu zengqesho ngokwenkqubo

Inggesho Nezikhewu Zengqesho Ngokwenkqubo, ukuya kuthi ga ngomhla wama-31 kweyoMqungu ka-2016				
Inkqubo	Funded	Number of Posts Filled	Vacancy Rate	Number of Posts Filled Additional to the Establishment
Inkqubo 1: Ezolawulo	454	357	21%	15

Inkqubo 2: Inkonzo Zentlalo-ntle Yoluntu	1 045	980	6%	125
Inkqubo 3: Ezabantwana Neentsapho	74	53	28%	0
Inkqubo 4: Iinkonzo Zoluleko	641	520	19%	41
Inkqubo 5: Ezophuhliso Nezophando	46	25	46%	0
Itotali Ngokubanzi	2 260	1935	14%	181

Itheybhile 2: Inggqesho nezikhewu zengqesho Ngokwebakala Lomvuzo

Ingqesho Nezikhewu Zengqesho Ngokwamabakala Emivuzo ukuya kuthi ga ngomhla wama-31 kweyoMqungu ka-2016

Amabakala Omvuzo	Ezifuma na inxaso -mali	Inani lezikhundla ezivaliweyo	Izinga Lezikhundla Ezingenabani	Inani Lezikhundla Ezivaliweyo Ezongezelelwe kwisEBE
Abanezakhono Ezingephi (Amanqanaba 1-2)	34	12	77%	8
Abanezakhono (Amanqanaba 3-5)	784	689	15%	36
Ebanezakhono Ezisemgangathweni Kwezemveliso (Amanqanaba 6-8)	1 059	870	8%	128
Abanezakhono Ezisemgangathweni Kwezolawulo (Amanqanaba 9-12)	358	342	7%	8
Abalawuli Abaphezulu (Amanqanaba 13-16)	25	22	12%	1
Itotali Ngokubanzi	2 260	1935	14%	181

Abantu abanezidanga zezentlalo-ntle abasebenzela ukubuyisa iinkxaso-mali zabo zokufunda bangabona baninzi kubantu abathe baqeshwa besongezelela kwisimo sesebe esele siphelile. Abaseleyo bangumvuka weenkqubo zangaphambili zokuphuculwa kwesimo okwenza ukuba kufumaneke iinkonzo ezingengondoqo wesebe ezifana kucoca nezokhuseleko.

Uqeqesho lwabasebenzi

ISebe lityale kakhulu kuqeqesho lwabasebenzi balo ze zagqithisa nakwiimfuno zomthetho (ezisisinye ekhulwini). Ngenxa yenani eliphezulu lesidingo soqeqesho esithe safunyaniswa iSebe lithe lafaka isicelo ze lavavanya inxaso-mali esuka kwiCandelo Lezoqeqesho Kwinkalo Yezakhono Zezempilo Nezentlalo-ntle (iHWSETA) nto leoy izakundesa abasebenzi abangamakhulu amabini abanonophela abantwana nolutsha ukuze babe nezidanga ezizizo ngokuthi benze uqeqesho ngokusesikweni ukuya kuthi ga ekupheleni konyaka-mal u-2016/17.

Kuthe kwanikezelwa neenkxaso-mali kumakhono anobungcali apho kunqabe izakhono khona, makhono lawo afana neenkonzoluleko, iinkonzozokuzinikela kumachiza ndawonye nezifundo ngeentsapho, ngaphakathi nangqaphandle.

Oku ke kongezwa kuqeqesho olunikwa oonontlalo-ntle abanceda abantu abakwiintsizi, abalawula oonontlalo-ntle, ukucebisa nokuthuthuzela ze, okubalulekileyo, uqeqesho kwimithetho enento yokwenza namakhono neltloa-ntle abasebenza kuwo. Ayinakuchazwa ngcono nangakumbi indaba yokubaluleka koqeqesho njengoko kuye kube ngenxa yamalinge okuxhotyiswa ngezakhono apho izakhono ziye zifumaneka kakhulu ze kuphucuke nemeko yokunikezelwa kweenkonzo.

Iintsebenziswano Nokusebenza ngokubambisana


Ekuqinisekiseni inkqubo yokunikezelwa kweenkonzo ehlanganyelweyo nefikelelekayo, iSebe lisebenziseni ze langena kwizivumelwano nemibutho namasebe karhulumente akweli candelo, kwatyikitywa izivumelwano zokuqondana nezibhambathiso ngomgangatho weenkonzonamanye abasebe aseburhulumenteni, oomaspala kwakunye namahlakani akwicandelo labucala. Nceda ujonge iSihlomo F ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe.

Imeko yobugcisa

Isicwangciso sescwangciso-qhinga sobuxhakaxhaka bobugcisa sika-2015-20 sihlalutywa minyaka le yaye oondoqo bomsebenzi kwisithubasexeshana elingephi kwinkqubo yolawulo lweemeko (kwiinkonzozininikezelwa leli sebe) kwakunye nenkqubo yolawulo lweeNPO yeSebe kwiinkonzozininikezelwa ngaphandle). Kwimeko efana nale ingentla apha, iSebe lifumene inkxaso-mali efikelela kwiR1,1 yesigidi kwiSebe Lemicimbi Yonikezelwa Kweenkonzo Nezolawulo ukuze isetyenziswe koonyaka-mali u-2015/16 no-2016/17 ngenjongo yokudala inkqubo efanayo yokulawula iNPO ezifumana inkxaso-mali kwanezo zingayifumaniyo kwiDSD yeli phondo. Ukulawula ubudlelwane obuphakathi kwee NPO ezifumana inkxaso-mali kwanezo zingayifumaniyo zingama-2 200 kwakunye neSebe yinkqubo engelulanga kwaphela yaye le meko iyakuphuculwa kakuhle yinkqubo yobuxhakaxhaka bobugcisa, nto leyo iyakukhokelela kwimeko yokunikezelwa kweenkonzo ephucukileyo kweli phondo. Eli Sebe likwaqhuba nokunikezela inkxaso yenkqubo yesizwe yezolawulo kumba weenkqubo zobuxhakaxhaka bobugcisa ezifana neVEPOP (eyiVictim Empowerment Programme and Older Persons Abuse Register), PCM (Probation Case Management System) kunye neCYCA (eyiChild and Youth Care Applications).

Eli Sebe likwakwinkqubo yokuphucula inkqubo yalo yokuhlangula iinkqubo zobuxhakaxhaka bobugcisa yaye liyakuqhuba nokuvavanya iinkqubo zalo ngenjongo yokuqinisekisa ukuqhuba koshishino lwayo apho kuyimfuneko khona. Kumba wokunqanda ifuthe elibi elinokudalwa kukwehla kwezabelo-mali kweli phondo ezirhanelwa kwisithuba seMTEF, iSebe likumanqanaba okugqibela okuzuzimvume nokuphunyezwa komgaqo-nkqubo nezixhobo zalo zolawulo lwezobuxhakaxhaka bobugcisa. Lo mgaqo-nkqubo uyakuqala ukusebenza ngomhla wokuqala kwekaTshazimpuzi ka-2016. Likwahlalutyela laphucula isicwangciso salo sokuhlengahlengisa ubuxhakaxhaka bobugcisa ngokuthi landise ixesha lokuba lande ixesha lokutshintshwa kweekhopmpyutha neprinta zabantu ukusuka kwiminyaka emine ukuya kwemihlanu. Ukwandiswa kwexesha nobomi bempahla karhulumente liqhinga elibalulekileyo kwinjongo yokuzuziinzuzozokusebenza ngendlela kwisithuba seMTEF. Okokugqibela, zikho ezinye iinzuzozokusebenza ngendlela ekurhanelwa ukuba zingazuzeka kwisithuba seMTEF ngokufuduka kweSebe liye kuVOIP, ukuthatyathwa kwenxaxheba ekunikezelweni kwetyathanga lephondo le-intanethi kwakunye nokuphuculwa kobuxhakaxhaka bobugcisa kwanokusebenza kwabo kwimeko yobuxhakaxhaka kwaneenkqubo zokuthengwa kwayo.

5.2 Isimo Sesebe



5.4 Ingcaciso ngenkqubo yocwangciso lwesicwangciso-qhinga

lingxelo ezingocwangciso lwezicwangciso-qhinga zenziwe ngokuhlolwa nokuhlalutywa kweziphumo neendoqo besizwe ezikwiziphumo zesicwangciso sophuhliso lwesizwe, kwiMTSF, koondoqo bephondo kwakunye neenjongo zesicwangciso-qhinga sephondo yaye zathi zaqulunqwa ngokwale nkqubo ilandelayo:

- Uxwebhu lokuphicothwa kwesicwangciso-qhinga oludandalazisa imithetho nemigaqo-nkqubo karhulumente wesizwe nowephondo; uhlalutyo lwemeko ekusebenzeka kuyo kwakunye nokuphinda kuqwalaselisiswe ngokwesicwangciso-qhinga, isicwangciso sesicwangciso-qhinga sethuba lokugqibela njengoko sasiqulunqwe njengesakhela umkhanya isicwangciso esitsha;
- Kwathi kwabanjwa lindibano Zocweyo Ngocwangciso nawo onke amaCandelo Olawulo ngale miba ilandelayo:
 - Ukwayanyaniswa ngokwemisebenzi ethiwe theca kwisicwangciso-qhinga;
 - Uhlalutyo lwemeko;
 - Uhlalutyo lwesabelo-mali;
 - Uhlalutyo lweenguqu kwisabelo-mali kunye nentsebenzo kwisithuba seminyaka emithathu edlulileyo;
 - Intsebenzo kwisithuba sekota edlulileyo;
 - Amagalelo kwi-APP (iinjongo, iingcaciso zezalathisi).

Umsebenzi wokulungiselela wenziwa kwantlandlolo ze kwancokolwa ngezicwangciso ezo ngokusekelwe koondoqo bangoku, intsebenzo yangaphambili kwakunye neemfuno zenkqubo yokunikezelwa kweenkonzo kunye neenjongo zathi zahlengahlengiswa ngendlela efanelekileyo.

- Kwathi kwenziwa iinkqubo zangaphakathi zokuhlengahlengiswa koondoqo z eke neenguqu ezikhokelayo zenzeka ngenjongo yokuzuza ifuthe lokuncipha kwesiseko seSebe.
- Kwathi kwabanjwa umhlangano wocweyo ngocwangciso lweli Sebe phakathi kweengqonyela nabalawuli abaphezulu ngenjongo yokuhlalutywa nokuhlengahlengisa iinjongo ezilungisiweyo kwisicwangciso seenNPO, amaziko kunye nemimandla/iinkalo zokunikezelwa kweenkonzo ze kwagxilwa kwizigqibo ezisekelwe kwisicwangciso-qhinga kumba wocwangciso lwexesha elisezayo.
- INtloko yeSebe yathabatha isigqibo sokugcina izalathisi zecandelo nezephondo njengoko zithiwe theca kwikwi-APP ka-2013/14. Esi Sigqibo sasisekelwe koku kulandelayo:
 - Isinikezelo seSebe kwicandelo leeNPO sokuba izalathisi zentsebenzo aziyi kutshintsha kwisithuba seMTEF ngenxa yokuba ukutshintsha izalathisi bekuya kudinga ukuba iSebe liguqule ngaphaya kwezibhambathiso ezingama-2 200. Bekuya kudinga nokuba liphinde liguqule amaxwebhu enxaso adingelwa iinjongo zophicotho;
 - ISebe lalenze izibhambathiso nesinikelo ezikwanjalo kwiKomiti yePalamente yePhondo Ejongene Nophuhliso Loluntu Ekuhlaleni kwanakwiKomiti Emiyo Kwii-Akhawunti Zoluntu (Iscopa) kuba la mqumrhu avakalisa inkxalabo ngokusoloko kutshintshwa izalathisi, nto leyo eyenza akwakwazeka ukuseka izisekelo ze kuhlolwe nenkqubela yeSebe kwisithuba soonyaka-mali abangaphaya komnye, yabanga noxanduva olukhulu kwiiNPO kumcimbi wezolawulo;
 - Rhoqo zakutshintshwa izalathisi, kufuneka kuqulunqwe izisekelo neenjongo ezintsha. Oku ke kuphazamisana nenkqubo yeMTEC; futhi ke
 - ISebe lizakubandakanya nezalathisi ezintsha zecandelo kwi-APP kunye neengxelo zalo zentsebenzo yekota, kodwa ke aliyi kuba nakho ukubeka okanye linikezele iingxelo ngokweenjongo zalo.

5.5 Ukuthungelaniswa kwemisebenzi yeSebe kwizahluko zazo ezikwiSicwangciso Sophuhliso Lwesizwe, iziphumo zeSikhokelo Sethutyana Elingephi Lesicwangciso-qhinga, i-OneCape2040 kunye Neenjongo Zesicwangciso-qhinga sePhondo

Iziphumo zeNDP 2030	Iziphumo zeMTSF 2019	i-OneCape2040	Injongo Yesicwangciso-qhinga Sephondo	Iinjongo Ezikelwe Kwiziphumo Zesicwangciso-qhinga seSebe	Isimo Sohlahlo Lolwabiwo-mali Lweenkqubo
Kukwakha umbuso onamandla nosekelwe kuphuhliso. Kukulwa urhwaphilizo	Inkonzo yesirhulumente esebenza ngendlela neneziqhamo	iKapa Elikhokelayo: Sikhokelisa inkqubo ekwinqanaba lehlabathi esekelwe ekunikezelweni kweenkonzo.	Kukufaka inkqubo yokunikezelwa kweenkonzo esekelwe kulawulo olululo ngentsebenziswano nokulungiswa kwemeko yokusebenzela.	Kukuphucula Imeko Yolawulo Lweenkonzo	Inkqubo 1: Ezolawulo Injongo: Kukunikezela iinkonzo zolawulo lwesicwangciso-qhinga nezenkxaso kuwo onke amanqanaba eli Sebe – kundlunkulu, kwi-ofisi yommandla, kweyengingqi nakweyeziko.
Kukukhuselwa koluntu. Unonophelo lwempilo kumntu wonke. Ukwakha iindawo zokuhlala ezikhuselekileyo. Ukwakha isizwe nokuhlanganiaswa koluntu.	Inkqubo epphendulayo yokukhuselwa koluntu. Ubomi obude nobusempilweni kubo bonke abemi boMzantsi Afrika. Bonke abantu abaseMzantsi Afrika bakhuselekile yaye baziva bekhuselekile. Ukuphucula uluntu nokumanya ilizwe.	Ukuthungelanisa iKapa: Ukunakana nokuphakamisa amandla entsebenziswano. i-Enterprising Cape: Makuphakanyiswe igugu lomsebenzi ngokuthi kusetyenziswe iinkqubo zokuqesha eburhulumenteni ze kukhokelwe amalinge oluntu kushishino. iLiving Cape: Ukusuka ekugxileni kwizindlu kuyiwe kwiinkonzo, izibonelelo zoluntu	Ukuphakamisa intlalo-ntle nokulwisana nemikhwa emibi.	Kukuphakamisa ukuphila ngendlela esebenzayo kwabantu abahlelelekileyo nabasemngciphekweni ngokweenkonzo zentlalo-ntle.	Inkqubo 2: Iinkonzo Zentlalo-ntle Yoluntu Injongo: Kukunikezela uthotho lweenkonzo ezihlanganyelweyo zentlalo-ntle ezisekelwe kuphuhliso kubantu abahlelelekileyo nabasemngciphekweni ngentsebenziswano namahlakani kwanemibutho yoluntu ngokubanzi.

Iziphumo zeNDP 2030	Iziphumo zeMTSF 2019	i-OneCape2040	Injongo Yesicwangciso-qhinga Sephondo	Iinjongo Ezikelwe Kwiziphumo Zesicwangciso-qhinga seSebe	Isimo Sohlahlo Lolwabiwo-mali Lweenkqubo
		ekuhlaleni kwakunye nothutho noluntu.			
Kukukhuselwa koluntu. Unonophelo lwempilo kumntu wonke. Ukwakha iindawo zokuhlala ezikhuselekileyo. Ukwakha isizwe nokuhlanganiaswa koluntu. Kukuphucula imfundo, uqeqesho neendlela ezintsha.	Inkqubo epphendulayo yokukhuselwa koluntu. Ubomi obude nobusempilweni kubo bonke abemi boMzantsi Afrika. Bonke abantu abaseMzantsi Afrika bakhuselekile yaye baziva bekhuselekile. Ukuphucula uluntu nokumanya ilizwe.Imfundo esisiseko ephucukileyo.	Ukuthungelanisa iKapa: Ukunakana nokuphakamisa amandal entsebenziswano. i-Enterprising Cape: Makuphakanyiswe igugu lomsebenzi ngokuthi kusetyenziswe iinkqubo zokuqesha eburhulumenteni ze kukhokelwe amalinge oluntu kushishino. iLiving Cape: Ukusuka ekugxileni kwizindlu kuyiwe kwiinkonzo, izibonelelo zoluntu ekuhlaleni kwakunye nothutho noluntu.	Ukuphakamisa intlalo-ntle nokulwisana nemikhwa emibi. Kukuphucula iziphumo zemfundo namathuba ophuhliso lolutsha.	Ziinkonzo ezigqibeleleyo zononophelo lwabantwana neentsapho ngenjongo yokukhusela amalungelo abantwana kwanokuphakamisa intlalo-ntle yoluntu.	Inkqubo 3: Ezabantwana Neentsapho Injongo: Kukunikezela uthotho lweenkonzo ezigqibeleleyo zononophelo nenkxaso kubantwana nakwiintsapho kwiingingqi ngentsebenziswano namahlakani kwanemibutho yoluntu ngokubanzi.
Kukukhuselwa koluntu. Unonophelo lwempilo kumntu wonke. Ukwakha iindawo zokuhlala ezikhuselekileyo. Ukwakha isizwe	Inkqubo yokhuselo loluntu ebandakanyayo nephendulayo. Ubomi obude nobusempilweni kubo bonke abemi boMzantsi Afrika.	Ukuthungelanisa iKapa: Ukunakana nokuphakamisa amandal entsebenziswano. iLiving Cape: Ukusuka	Increase wellness and tackle social ills.	Kukulwisana nemikhuba emibi ngokuthi kunikezelwe uthotho olugqibeleleyo lweenkonzo Zokuthintelwa Kwanokuthintelwa	Inkqubo 4: Iinkonzo Zoluleko Injongo: Kukunikezela iinkonzo ezihlanganyelweyo zokulwisana nolwaphulo-mthetho

Iziphumo zeNDP 2030	Iziphumo zeMTSF 2019	i-OneCape2040	Injongo Yesicwangciso-qhinga Sephondo	Iinjongo Ezikelwe Kwiziphumo Zesicwangciso-qhinga seSebe	Isimo Sohlahlo Lolwabiwo-mali Lweenkqubo
nokuhlanganiaswa koluntu.	Bonke abantu abaseMzantsi Afrika basekhuselekile yaye baziva bakhuselekile. Ukuphucula uluntu nokumanya isizwe.	ekugxileni kwizindlu kuyiwe kwiinkonzo, izibonelelo zoluntu ekuhlaleni kwakunye nothutho noluntu.		Kokusetyenziswa Gwenxa Kweziyobisi kwakunye Neenkqubo Zokubuyisela Kwisimo Sesiqhelo.	ezisekelwe kuphuhliso kwakunye neenkonzo zokunqanda ukusetyenziswa gwenxa kweziyobisi kwabona bantu basemngciphekweni ngentsebenziswano namahlakani kunye nemibutho yoluntu ngokubanzi.
Kukwakha umbuso onamandla nosekelwe kuphuhliso. Ukhuseleko loluntu. kwakha isizwe nokuhlanganiaswa koluntu. Ukuba luqilima kwanokomelela kwendalo esingqongileyo. Uqoqosho nengqesho.	Inkqubo karhulumente esebenza ngeziphumo nesemgangathweni esekelwe kuphuhliso. Inqesho esemgangathweni ngophuhliso loqoqosho olubandakanyayo. Abasebenzi abanezakhono nabawaziyo umsebenzi ngenjongo yokuxhasa indlela yokukhula emanyeneyo. Uphuhliso lwamaphandle olugqibeleleyo.	Educated Cape: Kukulawula inkqubo yemfundo esebenzayo neneziphumo zenqanaba lehlabathi. Kukukhokela inkqubo engentsebenziswano neyeyala maxesha. i-Enterprising Cape: Makuphakanyiswe igugu lomsebenzi ngokuthi kusetyenziswe iinkqubo zokuqesha eburhulumenteni ze kukhokelwe amalinge oluntu kushishino. Connecting Cape: Kukunakana nokuphakamisa amandla entsebenziswano.	Kukudala amathuba okuphuhla kunye nawengqesho. Kukuphucula iziphumo zemfundo kwakunye namathuba ophuhliso lolutsha.	Kukudala amathuba ngokuthi kunikezelwe iinkonzo zophuhliso loluntu ekuhlaleni.	Inkqubo 5: Ezophuhliso nezophando Injongo: Kukunikezela iinkonzo zophuhliso oluluqilima, eziphakamisa ukuxhotyiswa koluntu ekuhlaleni, ngokusekelwe kubungqina bophando kwakunye neenkukacha ngeemeko kwiingingqi zokuhlala.

6 Injongo Ezisekelwe Kwiziphumo Zesicwangciso-qhinga

<p>Injongo 1 Yesicwangciso-qhinga Esisekelwe Kwisiphumo</p>	<p>Ulawulo Lwezoshishino Oluphucukileyo</p> <p>Intetho yennjongo: ISebe liphumeza iinkqubo zoshishino ezisebenzayo nezisemgangathweni eziquka ulawulo lwezophando, ucwangciso, ulwazi nentsebenzo ze ngoko kube kuphuculwa intsebenzo yalo kwicandelo lentlalo-ntle.</p> <p>Isizathu: Kukwandisa isidima seenkqubo zoshishino ngokweenkqubo zokuthatyathwa kwezigqibo ezingafihlisiyo nezibandakanyayo, ndawonye nohlolo nokunikezelwa kweengxelo. Kuyakuthi kubekwe emgangathweni ze zibe zezisebenza ngendlela iinkqubo zoshishino kwakunye namacandelo esebe ngenjongo yokuphakamisa nokuphucula inkqubo yokunikezelwa kweenkonzo kweli phondo.</p> <p>Uthungelwano: Le njongo ithungelana noPSG 5: "Ukufaka iinkqubo zolawulo ezisemgangathweni kwakunye nenkqubo yokunikezelwa kweenkonzo ehlanganyelweyo ngokweentsebenziswano kunye nokulungelelaniswa kweemeko." Ikwathungelana kuhle nesiphumo seNDP 2030: "Ukwakha umbuso okwaziyo ukusebenza nosekelwe kuphuhliso" kunye "Nokulwisana norhwaphilizo" kunye nesiphumo seMTSF 2019: "Inkqubo yombuso esebenza ngendlela nesekelwe kuphuhliso."</p>
<p>Injongo 2 Yesicwangciso-qhinga Esisekelwe Kwisiphumo</p>	<p>Kukuphaksamisa ukusebenza ngokwaseluntwini kwabantu abahlelelekileyo nabasemngciphekweni ngokunikezelwa kweenkonzo entlalo-ntle yoluntu</p> <p>Intetho Yenjongo: Ukuphakamisa ukusebenza ngokwaseluntwini kwabantu abahlelelekileyo nabasemngciphekweni ngokuthi kunikezelwe amalinge neenkonzo zentlalo-ntle yoluntu ezifanelekileyo ezixhasa nezinika amandl aabantu neentsapho, ngentsebenziswano namahlakani.</p> <p>Isizathu: Le nkqubo ijolise ekunikezeleni uthotho lweenkonzo zentlalo-ntle yoluntu ezisekelwe ekuphuhliseni bonke abantu namaqela ahlelelekileyo ingakumbi abantu abakhubazekileyo, abantu abadala kwanabo bazibhaqa bephantsi kweentsizi ezimandla.</p> <p>Uthungelwano: Le njongo ithungelana noPSG 3: "Ukwenyusa intlalo-ntle, ukhuseleko nokulwisana nemikhuba eluntwini", ikwathungelana kuhle Nesiphumo Sesizwe 2: "Ubomi obude nobuhle babemi boMzantsi Afrika", Isiphumo Sesizwe 11: "Ukudala uMzantsi Afrika ongcono kwanokufaka igalelo kwi-Afrika engcono nekhuselekileyo kwihlabathi elingcono" kunye Nesiphumo Sesizwe 13: Inkqubo yokhuseleko loluntu ebandakanyayo nephendulayo".</p>
<p>Injongo 3 Yesicwangciso-qhinga Esisekelwe Kwisiphumo</p>	<p>Iinkonzo ezigqibeleleyo zononophelo nenkxaso kubantwana ngenjongo yokukhusela aamalungelo abantwana kwanokuphakamisa intlalo-ntle yoluntu</p> <p>Intetho yenjongo: Iinkonzo ezifanelekileyo zononophelo nenkxaso kubantwana kwakunye namalinge akhusela, axhasa nanikezela isikhokelo kwezophuhliso lwabantwana neentsapho, ngentsebenziswano namahlakani.</p> <p>Isizathu: Le nkqubo ijolise ekunikezeleni uthotho lweenkonzo zentlalo-ntle yoluntu kubo bonke abantwana neentsapho ezisemngciphekweni ngenjongo yokulondolozisa isimo sosapho.</p> <p>Uthungelwano: Le njongo ithungelana noPSG 2: "Ukuphucula iziphumo namathuba ezemfundo ngokujolise kuphuhliso lolutsha" noPSG 3: "Ukwandisa intlalo-ntle, ukhuseleko kwanokulwisana nemikhuba eluntwini". Ngapha koko, ithungelana Nesiphumo Sesizwe 2: "Ubomi obude nobuhle kubo bonke abemi boMzantsi Afrika," Isiphumo Sesizwe 11: Ukudala uMzantsi Afrika ongcono nokhuselekileyo kwanokufaka igalelo kwi-Afrika engcono nekhuselekileyo kwihlabathi" kwakunye Nesiphumo Sesizwe 13: "Inkqubo yokhuseleko loluntu ebandakanyayo nephendulayo."</p>
<p>Injongo 4 Yesicwangciso-qhinga Esisekelwe</p>	<p>Kukulwisana nemikhuba eluntwini ngokuthi kunikezelwe uthotho lweenkonzo Zokuthintelwa Kolwaphulo-mthetho kwanokuthintelwa Kokusetyenziswa Gwenxa Kweziyobisi kwanokunye Nenkqubo Yokubuyiselwa Kwisimo Sesiqhelo</p>

Kwisiphumo	Intetho yenjongo: Kukunciphisa imikhuba ngokuthi kunikezelwe uthotho lweenkonzo zokuthintelwa kolwaphulo-mthetho, ezoluleko kunye nokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi ezinciphisa imingcipheko ze kuphuhlise abantu abanesidima nabathathela kubo uxanduva.
	Isizathu: Le nkqubo ijolise ekunikezeleni uthotho lweenkonzo zeengcali kwinkalo yezoluleko kubantu abakungqzulwano nomthetho kwakunye namaxhoba abo, ngenjongo yokubomeleza ukuba bangangeni bayiqhele impilo yolwaphulo-mthetho.
	Uthungelwano: Le njongo ithungelana noPSG 2: "Ukuphucula iziphumo zemfundo namathuba ophuhliso lolutsha", kunye noPSG 3: "Ukwandisa intlalo-ntle, ukhuseleko nokulwisana nemikhuba eluntwini." Ngapha koko ikwathungelana Nesiphumo Sesizwe 2: "Impilo ende nentle kubo bonke abemi boMzantsi Afrika," Isiphumo Sesizwe 11: "Ukudala uMzantsi Afrika ongcono nokufaka igxalaba kwi-Afrika engcono nekhuselekileyo kwihlabathi elingcono" kunye noNesiphumo Sesizwe 13: "Inkqubo Yokhuseleko ebandakanyayo."
Injongo 5 Yesicwangciso- qhingisa Esisekelwe Kwisiphumo	Ukudala amathuba ngokuthi kunikezelwe iinkonzo zophuhliso loluntu ekuhlaleni
	Intetho yenjongo: Ukudala amathuba kuluntu neengingqi zokuhlala ngenjongo yokuqulunqa uluntu olunamandla okuthabatha inxaxheba kuqoqosho kwakunye nokuziphatha ngokusekelwe kubungqina bophando.
	Isizathu: Le nkqubo ijolise ekuphakamiseni ukubandakanyeka koluntu kwanokuncitshiswa kwentlupheko ngokuthi kunikezelwe iinkonzo iinkonzo zophuhliso loluntu ekuhlaleni ngenjongo yokudala amathuba kumntu wonke ukuze babe nokuzimela.
	Uthungelwano: Le njongo ithungelana noPSG 2: "Ukuphucula iziphumo zemfundo namathuba ophuhliso lolutsha", kunye noPSG 3: "Ukwandisa intlalo-ntle, ukhuseleko nokulwisana nemikhuba eluntwini." Ngapha koko ikwathungelana Nesiphumo Sesizwe 2: "Impilo ende nentle kubo bonke abemi boMzantsi Afrika," Isiphumo Sesizwe 11: "Ukudala uMzantsi Afrika ongcono nokufaka igxalaba kwi-Afrika engcono nekhuselekileyo kwihlabathi elingcono" kunye noNesiphumo Sesizwe 13: "Inkqubo Yokhuseleko ebandakanyayo."

Qwalasela: Izalathisi zenjongo yesicwangciso-qhingisa kwakunye neengcaciso zezalathisi ezihamba nazo ziye zibonakaliswe kwiSihlomelo B: lithybhile Zezalathisi Zeengcaciso Ezinobugcisa.

7 Isimo Sesabelo sika-2016/17 kwakunye neentelekelelo zeMTEF

7.1 Iintelelekelelo Zenkcitho

Isishwankathelo Seentlawulo kunye neentelekelelo

Inkqubo R'000	Isiphumo			Esona Sabelo	Isabelo Esihlangahlengisw eyo	Intelekelelo Ehlangahlengisw eyo	Intelekelelo yethuba elingephi			Inguqu kwintelekelelo ehlangahlengisw eyo ngokwe-%
	Iphicothi we	Iphicothi we	Iphicothi we				2016/1 7	2017/1 8	2018/1 9	
	2012/13	2013/14	2014/15				2015/1 6	2015/1 6	2015/16	
1. Ezolawulo	177 418	176 797	189 043	174 375	177 036	177 036	185 806	198 610	213 596	4.95
2. Iinkonzo Zentlalontle Yoluntu	498 903	579 986	634 864	733 382	725 632	725 632	778 385	822 829	864 078	7.27
3. Ezabantwana Neentsapho	454 280	523 498	550 888	605 549	600 199	600 199	615 102	649 592	678 460	2.48
4. Iinkonzo Zoluleko	224 905	248 304	290 705	304 332	316 401	316 401	334 315	357 194	377 598	5.66
5. Ezophuhliso Nophando	46 721	51 558	68 342	80 347	79 661	79 661	47 830	40 595	43 763	(39.96)
Iintlawulo neentelekelelo ezipheleleyo	1 402 227	1 580 143	1 733 842	1 897 985	1 898 929	1 898 929	1 961 438	2 068 820	2 177 495	3.29

Isishwankathelo seentlawulo kunye neentelekelelo ngokwamanqanaba ezoqoqosho

Ibakala Ngokoqoqosho R'000	Isiphumo			Esona Sibelo	Isibelo Eshlengahlengisi weyo	Intelekelelo ehlengahlengisi weyo	Intelekelelo yethuba elingephi			Inguqu kwintelekelelo ehlengahlengisi weyo ngokwe- %
	Iphicothi we	Iphicothi we	Iphicothi we				2016/1 7	2017/1 8	2018/1 9	
	2012/13	2013/14	2014/15				2015/1 6	2015/1 6	2015/16	
lintlawulo zangoku	613 902	681 945	749 914	806 362	808 634	808 587	871 493	935 945	994 994	7.78
Ukubuyekwezwa kwabasebenzi	453 684	504 500	571 040	630 861	627 467	627 467	681 281	733 844	783 433	8.58
Impahla neenkonz	160 218	177 445	178 874	175 501	181 167	181 120	190 212	202 101	211 561	5.02
Inzala kwirente nomhlaba										
lintlawulo kunye neesabsidi	766 895	873 470	955 013	1 066 600	1 063 373	1 063 420	1 061 261	1 102 588	1 150 282	(0.20)
Amaphondo noomaspala										
Amaqumthu nee- akhawunti zesebe	24	23	31	37	37	37	37	39	40	
Amaqumthu angajonge ngeniso	764 378	869 594	946 775	1 059 406	1 054 431	1 054 347	1 053 447	1 094 589	1 141 673	(0.09)
Amakhaya	2 493	3 853	8 207	7 157	8 905	9 036	7 777	7 960	8 569	(13.93)
lintlawulo zempahla engundoqo	21 316	24 622	27 334	25 023	26 922	26 922	28 684	30 287	32 219	6.54
Izakhwiwo nezinye izimo ezingagungqiyo			3 049							
Oomatshini nezixhobo	21 316	24 622	24 285	25 023	26 922	26 922	28 684	30 287	32 219	6.54
<i>Apho: "Impahla neenkonz ezingundoqo" ezibandakanywe kwiintlawulo zempahla engundoqo</i>										
lintlawulo zempahla eyimali	114	106	1 581							
Itoali yamanqaba ngokoqoqosho	1 402 227	1 580 143	1 733 842	1 897 985	1 898 929	1 898 929	1 961 438	2 068 820	2 177 495	3.29

Ukwayanyaniswa kweendlela zenkcitho kunye neenjongo zeziphumo zezicwangciso-qhinga

iDSD ithungelanise iinkonzo zayo eziphambili kunye neziphumo zikazwelonke kunye nezicwangciso-qhinga zezicwangciso-qhinga sephondo, kuxhaswe ngemali inkqubo yokunikezelwa kweenkonzo kwiinkalo ezingundoqo ezizezi, uNonophelo Nokhuselo Lwabantwana, Abantu Abadala, Ukukhubazeka, Ukusetyenziswa Gwenxa Kweziyobisi kwakunye Nophuhliso Lolutsha. Sigxile kakhulu ekuzuzeni iinjongo ezithe zandiswa ezisekelwe phantsi kwemithetho ezisusela ekuqulunqweni nasekuphunyezweni kwemithetho iPrevention of and Treatment for Substance Abuse Act, iChildren's Act, iChild Justice Act, kunye ne-Older Persons Act, phakathi kweminye.

Izigqibo Ngohlalo Lolwabiwo-mali

- Izibonelelo zokuphumeza umthetho osayilwayo iWage Bill kwakunye nentsalela kwisithuba seMTEF;
- Uhlehlengiso kwinkqubo yokuxhaswa ngemali kweNPO ngenjongo yokumelana nemingeni yokunganeli kwemali;
- Ukuthathelwa ingqalelo kwemisebenzi yesebe ethiwe theca kwimithetho kwanokwehliswa nokuyekiswa kwamaphulo neentshukumo ezingengundoqo;
- Ukuqhuba nokuphumeza umyalelo wenkundla kwinkalo yabantwana abakhubazeke ngokumandla engqondweni (kuquka iindleko zokusebenza kweziko iRosendal kunyakamali u-2017/18);
- Ukudluliselwa kweziko Labantu Abakhubazekileyo eliphantsi kweSebe Lezempilo (iSivuyile) kuzakuba yingxenye yesabelo-mali seMTEF;
- Ukuphunyezwa kweSicwangciso-qhinga Sokuphuculwa Kweenkonzo Zononophelo Nokhuselo Lwabantwana seDSD kwiNtshona Koloni;
- Ukugayela izikhundla ezingundoqo ngenjongo yokunciphisa ifuthe lokwehlakwesabelo-mali kwinkqubo yokunikezelwa kweenkonzo kwanokwehliswa kwenani labantwana abasaqeqeshelwa ukulungela umsebenzi;
- Ukwehliswa kwesixa-mali esisetyenziselwa ukuhlawula iingcali zangaphandle;
- Indlela yokuthenga esekelwe kwisicwangciso-qhinga kwanokubunjwa kwemisebenzi yokuthenga impahla neenkonzo;
- Ukuhlehliswa kwethuba lokuhlehlengiswa kobuxhakaxhaka bobugcisa ukusuka kwiminyaka emine ukuya kwemihlanu (ubomi bokusebenza bempahla yesebe; kwakunye
- Neenzuzo zokusebenza ngendlela kumba wokuqeshwa kwenkampani entsha yokunikezelwa kweenkonzo zemcimbi yonxibelelwano.

**SIGABA B: IINJONGO ZESICWANGCISO-QHING
KUNYE NEENKCUKACHA NGEENKQUBO**

ISIGABA B: IINJONGO ZESICWANGCISO-QHINGA KUNYE NEENKCUKACHA NGEENKQUBO

Eli icandelo le-APP lisetyenziselwa ukubeka iinjongo namanqaku entsebenzo yonyaka-mali olandelayo nakwisithuba seMTEF kwinjongo nganye yesicwangciso-qhinga ethe yachongwa kwiSigaba B seSicwangciso-qhinga. Izalathisi zentsebenzo eziyakukhokela uhlalutyo lwentsebenzo yenkqubo nganye ngokubanzi nazo zikwaqulathiwe apha.

Le theybhile ingezantsi apha ibonakalisa iSimo Sohlahlo Lolwabiwo-mali Lweenkqubo.

Isimo Sohlahlo Lolwabiwo-mali Lweenkqubo ku-2016/17

INKQUBO	INKQUTYANA
1. Ezolawulo 2.	2.1. I-Ofisi kaMphathiswa 2.2. Icandelo Leenkonzong Zolawulo 2.3. Abalawuli Bezithili
3. Iinkonzong Zentlalo-ntle Yoluntu	2.1. Ezolawulo Nenxaso 2.2. Iinkonzong Kubantu Abadala 2.3. Iinkonzong Kubantu Abakhubazekileyo 2.4. Intsholongwane kaGawulayo noGawulayo 2.5. Uhlangulo Loluntu
4. Ezabantwana Neentsapho	4.1. Ezolawulo Nenxaso 4.2. Ezononophelo Neenkonzong Kwiintsapho 4.3. Ezononophelo Nokhuselo Lwababantwana 4.4. Ezophuhliso Lweentsana Eziselula Nononophelo Olungagqibelelanga 4.5. Amaziko Ababantwana Nolutsha 4.6. Iinkonzong Zononophelo Lwababantwana Ezisekelwe Ekuhlaleni
5. Iinkonzong Zoluleko	5.1. Ezolawulo Nenxaso 5.2. Ezokuthintelwa Kolwaphulo-mthetho Nenxaso 5.3. Ezokuxhotyiswa Kwamaxhoba 5.4. Ezokusetyenziswa Gwenxa Kweziyobisi, Uthintelo Nokubuyiselwa Kwisimo Sesiqhelo
6. Ezophuhliso Nophando	6.1. Ezolawulo Nenxaso 6.2. Ezokushunyiswa Koluntu Ekuhlaleni 6.3. Ezokuxhotyiswa Ngezakhono nenxaso kwiiNPO 6.4. Ezokupheliswa Kwentlupheko Nokuphila Ngokuzimela 6.5. Ezocwangciso Nophando Olusekelwe Kuluntu Ekuhlaleni 6.6. Ezophuhliso lolutsha 6.7. Ezophuhliso loluntu 6.8. Ukuphakanyiswa Kwemigaqo-nkqubo Engabemi

8 Inkqubo 1: Ezolawulo

Unjongo yeNkqubo

Le nkqubo ivakalisa iimfuno zolawulo lwesicwangciso-qhinga kunye neenkonziso zenkxaso kuwo onke amaqanaba eli Sebe, oko ke kukuthi, kwelephondo, kwelemimandla, kwelezithili nakwawamaziko/awamaqumrhu.

Qwalasela: Iziko Leenkonziso Zolawulo, elikwiSebe LeNkulumbuso, linkkezela ngezi nkonziso zenkxaso zilandelayo kweli Sebe: Ezolawulo Lwezibonelelo Zabasebenzi.

Inkqubo le iqulathe ezi nkqutyana zilandelayo:

INGCACISO NGENKQUBO

Inkqutyana 1.1 I-Ofisi kaMphathisiwa

Injongo Yenqutyana

Inikezela ngeenkonziso zokuvalwa komsantsa kwinkalo yezopolitiko neyezowiso-mthetho phakathi kukarhulumente, uluntu kunye nawo onke amanye amahlakani abandakanyekayo.

Inkqutyana 1.2 Icandelo Leenkonziso Zolawulo

Injongo Yenqutyana

Inikezela umkhomba-ndlela kwinkalo yesicwangciso-qhinga kwakunye nezolawulo lweli Sebe ngokubanzi.

Inkqutyana 1.3 Ulawulo Lwezithili

Injongo Yenqutyana

Inikezela ngeenkonziso zokuhlalelwa kolawulo, imicimbi yezolawulo kunye nokunye kwinqanaba lezithili kweli Sebe.

(Isihloko esithi *Ulawulo Lwezithili* luthiwe thaca ngokwemigaqo Yohlahlo Lolwabiwo-mali Lwesizwe. Noko kunjalo, iDSD yeNtshona Koloni isebenza ngokwee-Ofisi Zemimandla.)

Ukugxila Kwenkqubo

Kulo nyaka-mali, Inkqubo 1 izakube igxile kwezi nkalo zesicwangciso-qhinga zilandelayo:

- Ukuphunyezwa kwesimo seSebe kwanenkqubo yokuqulunqwa kwesimo salo ngenjongo yokuphakamisa amandla okuqhuba inkqubo yokunikezelwa kweenkonzo kwanohlolo lwentsebenzo kwinkalo yomgomo wenkcitho yeCoE;
- Isebenzisa isixhobo sobugcisa kuqeqesho ngenjongo yokkwenza luqilima isakhono soonontlalo-ntle, abaphathi kunye nabalawuli boonontlalo-ntle kumba wokuphunyezwa kweChildren's Act; ze
- Kuphuculwe iindlela zolawulo kweli Sebe ngenjongo yokugcina isimo esingenasiphene seengxelo zophicotho-zincwandi. Ukuze kube nokwenzeka oku, kudingeka ukuba imithetho nemimiselo ithotyelwe njengoko kuthiwe thaca kwiinkqubo zolawulo lwangaphakathi.

INJONGO YESICWANGCISO-QHINGA

Injongo Yesicwangciso-qhinga	Kukunikezela iinkonzo zenkxaso ngokusekelwe kwisicwangciso-qhinga ngenjongo yokuphakamisa ulawulo olululo kwakunye nenkqubo yokunikezelwa kweenkonzo esemgangathweni.
Intetho Yenjongo	ukunikezela iinkonzo zenkxaso ngokusekelwe kwisicwangciso-qhinga ngenjongo yokuphakamisa ulawulo olululo kwakunye nenkqubo yokunikezelwa kweenkonzo esemgangathweni ukuya kuthi ngenyanga yoKwindla ka-2020.
Isisekelo	Isisekelo: Kukuzuzwa ingxelo yophicotho-zincwadi enngenaziphene ngaphandle kwemiba egxininiswayo futhi kungabikho zinto zifunyenwe zihexa kwimiba yemali kwakunye nokuba lulutho nokuthebakala kweenkcukacha zentsebenzo ezinikezelweyo.
Isizathu	Kukuphakamisa indlela eyiyo yokuphuculwa kwenkqubo yokunikezelwa kweenkonzo ngurhulumente weNtshona Koloni.
Uthungelwano	Le njongo ithungelana noPSG 5: 'Kukufaka ulawulo olululo kwanenkqubo yokunikezelwa kweenkonzo ngeentsebenziswano kwanokuthungelanisa indawo yokusebenzela.' Kwakunye Nenjongo 1 yesicwangciso-qhinga seSebe 1: "Inkqubo ephucukileyo Yolawulo Olululo ." Ikwathungelana kuhle Nesiphumo sika-NDP 2030: 'Ukwakha umbuso okwazi ukusebenza nosekelwe kuphuhliso' kunye 'Nokulwisana Norhwaphilizo' kwakunye nesiphumo sika-MTSF 2019: 'Inkonzo karhulumente esebenzayo nesekelwe kuphuhliso lwentsebenzo.'

Injongo Yesicwangciso-qhinga	Isalathisi sentsebenzo ngokusekelwe kwinjongo yesicwangciso-qhinga	Inzuzo Yesicwangciso-qhinga	Ephicothiweyo/Eyona ntsebenzo			Intsebenzo ethelekelelwayo	Iinzuzo zethuba elingephi		
			2012/13	2013/14 ⁷	2014/15		2015/16	2016/17	2017/18
Kukunikezela iinkonzo zenkxaso ngokusekelwe kwisicwangciso-qhinga ngenjongo yokuphakamisa ulawulo olululo kwakunye nenkqubo yokunikezelwa kweenkonzo esemgangathweni.	Uluvo loMphicotho-zincwadi Oyintloko ekuphicothweni kweengxelo zemali kunye kwakunye nokuba lulutho nokuthembakala kweenkcukacha zentsebenzo ezinikezelweyo.	Uluvo lophicotho olungenaziphethe ngaphandle kwemiba yogxininiso kfuthi kungabikho zingxelo zitheni ngemiba yemali kwakunye nokuba lulutho nokuthembakala kweenkcukacha zentsebenzo ezithe zanikezelwa.	Isalathisi esitsha	Uphicotho olungenasiphene	Uphicotho olungenasiphene	Uluvo lophicotho olungenaziphethe ngaphandle kwemiba yogxininiso kfuthi kungabikho zingxelo zitheni ngemiba yemali kwakunye nokuba lulutho nokuthembakala kweenkcukacha zentsebenzo ezithe zanikezelwa.	Uluvo lophicotho olungenaziphethe ngaphandle kwemiba yogxininiso kfuthi kungabikho zingxelo zitheni ngemiba yemali kwakunye nokuba lulutho nokuthembakala kweenkcukacha zentsebenzo ezithe zanikezelwa.	Uluvo lophicotho olungenaziphethe ngaphandle kwemiba yogxininiso kfuthi kungabikho zingxelo zitheni ngemiba yemali kwakunye nokuba lulutho nokuthembakala kweenkcukacha zentsebenzo ezithe zanikezelwa.	Uluvo lophicotho olungenaziphethe ngaphandle kwemiba yogxininiso kfuthi kungabikho zingxelo zitheni ngemiba yemali kwakunye nokuba lulutho nokuthembakala kweenkcukacha zentsebenzo ezithe zanikezelwa.

IZALATHISI ZENTSEBENZO YECANDELO⁷

IZALATHISI ZENTSEBENZO YEENKQUBO

Isalathisi Sentsebenzo Yenkqubo	Ephicothiweyo/Eyona ntsebenzo			Intsebenzo ethelekelelwayo 2012/13	Iinjongo zethuba elingephi		
	2012/13	2013/14	2014/15		2013/14	2014/15	2012/13
Inani lamalinge oqeqesho kwezentlalo-ntle kunye namakhono akwintlalo-ntle	19	41	34	25	25	25	25
Inani labafundi abasaqeqeshelwa ukulungela ingqesho abanezidanga/abangenazidanga	63	146	185	115	52	0	0

⁷ Izalathisi zecandelo ekuthe akwanikezelwa ngxelo ngazo zithiwe thaca kwiSihlomelo E.

Isalathisi Sentsebenzo Yenqubo	Ephicothiweyo/Eyona ntsebenzo			Intsebenzo ethelakelelwayo 2012/13	Iinjongo zethuba elingephi		
	2012/13	2013/14	2014/15		2013/14	2014/15	2012/13
Inani lee-interns ezikwiNkqubo Yokugqwesa yeNkulumbuso	83	60	20	20	20	20	20
Inqanaba leMPAT Kwimigangatho Yezolawulo: Izicwangciso-mali	-	-	Isalathisi esitsha	4	4	4	4
MPAT level for the Management Standard: Annual Performance Plans	-	-	Isalathisi esitsha	4	4	4	4
Inqanaba leMPAT Kwimigangatho Yezolawulo: Kulawulo Lwezobugcisa	-	-	Isalathisi esitsha	4	4	4	4
Inqanaba leMPAT Kwinkalo Yentsebenzo: Ulawulo Lwetyathanga Leentengo wimigangatho Yezolawulo	MPAT: 3 FMIP: 2.7 ⁸	MPAT 3 CGRO: 3	MPAT: 4 CGRO: 3+	3	3	3	3
Inqanaba leMPAT Kwinkalo Yentsebenzo: Ulawulo Lwemicimbi Yemali ⁹	MPAT: 2 FMIP: 3+	MPAT 3 CGRO: 3+	MPAT: 3.8 CGRO: 3+	3	4	4	4

Uhlengahlengiso ngokwekota

Isalathisi Sentsebenzo Yenqubo	Ithuba lokunikezelwa kwengxelo	Injongo yonyaka 2016/17	Iinjongo zekota				Eyongezeleka yo/Engongeze lekiyo
			1 st	2 nd	3 rd	4 th	
Inani lamalinge oqeqesho kwezentlalo-ntle kunye namakhono akwintlalo-ntle	Ngekota	25		10	10	5	C
Inani labafundi abasaqeqeshelwa ukulungela ingqesho abanezidanga/abangenazidanga	Ngonyaka	52					N/C
Inani lee-interns ezikwiNkqubo Yokugqwesa yeNkulumbuso	Ngonyaka	20					N/C
Inqanaba leMPAT Kwimigangatho Yezolawulo: Izicwangciso-mali	Ngonyaka	4					N/C
MPAT level for the Management Standard: Annual Performance Plans	Ngonyaka	4					N/C
Inqanaba leMPAT Kwimigangatho Yezolawulo: Kulawulo Lwezobugcisa	Ngonyaka	4					N/C
Inqanaba leMPAT Kwinkalo Yentsebenzo: Ulawulo Lwetyathanga Leentengo kwimigangatho Yezolawulo	A Ngonyaka	3					N/C
Inqanaba leMPAT Kwinkalo Yentsebenzo: Ulawulo Lwemicimbi Yemali ¹⁰	Ngonyaka	4					N/C

⁸ iMPAT kunye neSicwangciso Sokuphuculwa Kolawulo Lwemali elinganiselwe sisalathisi senqanaba lentsebenzo.

⁹ Inqanaba lentsebenzo kuzo zontlanu iimfundo zomgangatho weMPAT ekufuneka zizuzekile kule nkalo yentsebenzo njengoko kuthiwe thaca kwi-IDM.

¹⁰ Inqanaba lentsebenzo kuzo zontlanu iimfundo zomgangatho weMPAT ekufuneka zizuzekile kule nkalo yentsebenzo njengoko kuthiwe thaca kwi-IDM.

.1 Ukulungelelanisa iimfuno zentsebenzo nesabelo-mali kunye neMTEF

Iintelekelelo zenkcitho

Isishwankathelo seentlawulo kunye neentelekelelo – Inkqubo 1: Ezolawulo

Inkqityana R'000	Isiphumo			Esona sabelo	Eshlengahlengi siweyo	Isabelo	Iintelekelelo ehlangahlengisiweyo	Iintelekelelo yethuba elingephi			Inguqu kwintelekelelo ehlangahlengisiweyo ngokwe-%			
	Ephicothiweyo	Ephicothiweyo	Audiited					2015/16	2015/16	2015/16		2016/17	2017/18	2018/19
	2012/13	2013/14	2014/15					2015/16	2015/16	2015/16		2016/17	2017/18	2018/19
1 . I-Ofisi kaMphathiswa	5 730	6 394	6 777	6 366	5 765	5 765	5 875	6 358	6 811	1.91				
2 . Icandelo Leenkonzolawulo	125 996	122 303	132 189	114 935	117 705	117 705	123 775	131 810	141 756	5.16				
3 . Ulawulo Bezithili	45 692	48 100	50 077	53 074	53 566	53 566	56 156	60 442	65 029	4.84				
Itotali yeentlawulo neentelekelelo	177 418	176 797	189 043	174 375	177 036	177 036	185 806	198 610	213 596	4.95				

Isishwankathelo seentlawulo kunye neentelekelelo ngokwenqanaba loqoqosho – Inkqubo 1: Ezolawulo

Inqanaba Ngokoqoqosho R'000	Iziphumo			Isabelo esingundoqo	Isabelo esihlangeni eliveyo	Intelekelelo ehlangahlengis iweyo	Intelekelelo yexesha elingephi			Inguqu kwintelekelelo ehlangahlengis iweyo ngokwe-%
	Eziphicothi weyo	Eziphicothi weyo	Eziphicothi weyo				2016/17	2017/18	2018/19	
	2012/13	2013/14	2014/15				2015/16	2015/16	2015/16	
Intlawulo zangoku	166 409	164 982	175 792	165 261	166 534	166 638	175 633	188 130	202 404	5.40
Ukubuyekizwa kwabasebenzi	129 182	122 089	136 858	124 417	129 518	129 617	139 937	150 409	162 748	7.96
Impahla neenkonziso	37 227	42 893	38 934	40 844	37 016	37 021	35 696	37 721	39 656	(3.58)
Inzala nerente emhlabeni										
Intlawulo kunye neesabsidi	1 014	198	723	274	1 480	1 558	529	354	582	(66.05)
Amaphondo noomaspala										
I-arhente nee-akhawunti zeSebe	5	6	13	19	19	17	17	18	18	
Amaqumrhu angajonge ngeniso										
Amakhaya	1 009	192	710	255	1 461	1 541	512	336	564	(66.77)
Intlawulo zempahla engundoqo	9 906	11 511	10 947	8 840	9 022	8 840	9 644	10 126	10 610	9.10
Izakhwiwo kunye nezinye iziseko ezimiyo			3 049							
Oomatshini nezixhobo	9 906	11 511	7 898	8 840	9 022	8 840	9 644	10 126	10 610	9.10
<i>Apho: Impahla neenkonziso ezingundoqo" ziqulethwe kwiintlawulo zempahla engundoqo</i>										
Intlawulo zempahla enexabiso lemali	89	106	1 581							
Iifotali yenqanaba ngokoqoqosho	177 418	176 797	189 043	174 375	177 036	177 036	185 806	198 610	213 596	4.95

linguqu Kwintsebenzo Nenkcitho

Izicwangciso nezabelo-mali zeli Sebe ziyakuqhuba zithunyelwa kwezona ndawo zoqoqosho zifuneka kuzo ngendlela eyiyo nesemgangathweni eziphakathi kweemfuno zoluntu, oondoqo bakarhulumente weS izwe nowePhondo, apho ezona zibalulekileyo inguPSG 5: 'Ukufaka inkqubo yolawulo esemgangathweni kwanokuhlenganisa inkqubo yokunikezelwa kweenkonzo ngokwentsebenziswano kwalokulungelelaniswa kwemo yokusebenzela' kunye neNjongo Yesicwangciso-qhinga 1 yeDSD.

Kwisithuba sale MTEF, ezi zigqibo zesicwangciso-qhinga zilandelayo, ziyakuba nefuthe kwiziphumo zesicwangciso-qhinga:

- Izibonelelo zokuphunyezwa komthertho Osayilwayo Wemivuzo kwakunye nefuthe lawo lokuqhubela phambili kwisithuba seMTEF;
- Ukugaywa kwabasebenzi kwizikhundla ezingundoqo ngenjongo yokunciphisa ifuthe lokwehliswa kwesabelo-mali kwinkqubo yokunikezelwa kweenkonzo kwakunye nokuncitshiswa kwenani labafundi abaqeqeshelwa ukulungela ingqesho;
- Ukwenziwa kweentengongokwesicwangciso-qhinga kwakunye nemisebenzi yetyathanga leentengo; kunye
- Nokwandiswa kwethuba lokuhlengahlengiswa kobuxhakaxhaka bobugcisa ukusuka kwiminyaka emine ukuya kwemihlanu.

.2 Ulawulo Lomngcipheko

Le mingcipheko mikhulu ilandelayo ithiwe thaca apha ingumvuka wokuncitshiswa kwesisekelo seli Sebe kwisithuba seMTEF:

Umngcipheko	Ukuthelekelela Umngcipheko
Inkqubo yokunikezelwa kweenkonzo ingachaphazeleka kakubi ngenxa yokungakwazeki ukuvulwa kwee-ofisi ezisacetywayo; izakhiwo nezixhobo ezigugayo; ukungabi nakugcina zikwimeko elungelle ukusetyenziswa izakhiwo nezixhobo ezikumaziko okuhlalisa akhuselekileyo, kundlunkulu, kwii-ofisi zemimandla nezezithili, kwakunye nokuvalwa kwee-fosi ngenxa yokungabi kwimeko yokusebenzela ngenxa yokuba zingadala ukonzakala nokubethakala ngokwasempilweni liSebe Lezabasebenzi, njalo-njalo.	Ukusiwa kweenkonzo kundlunkulu kwii-ofisi zemimandla apho zingekasekwayo ii-ofisi zezithili; Ukuhlengahlengiswa kwe-U-AMP ngentsebenziswano neDTPW.
Imingcipheko kwiCoE: ukuncitshiswa kwenani lee-interns, ukungabi nakugaya abantu abanezakhono ezidingekayo, kwakunye nokwehla kwamandla okulawulwa kwezibhambathiso, nto leyo ibeka iSebe esichengeni sorhwaphilizo kunye/okanye nasekungasetyenzisweni kwenkqubo yokwenziwa kweentlawulo.	Ukwenza amalungiselelo okuba abasebenzi bajongane/basombulule indaba yeenkonzo ezingundoqo; kusetyenziswa abantwana abanezidanga zentlalo-ntle abaphantsi kwezibhambathiso ukuba bavale izikhewu kwizikhundla ezisisigxina; kuvalwe izikhewu zengqesho ezibalulekileyo kuphela ezizakuqinisekisa ukomelezwa kwenkqubo yokunikezelwa kweenkonzo kunye nohlolo lwayo.
Okona kuncipha kwiinkxaso-mali ezinikwa iiNPO kuyakuba nefuthe elibi kumandla azo okunikezela iinkonzo egameni leSebe nto leyo ingakhokelela ekuvalweni	Ukuguqulwa koondoqo kwinkqubo yokunikezelwa kweenkonzo kunye nokuxhaswa ngemali kwinkalo yokuthlekiswa kweenkonzo ezisemthethweni kwanezo zingadizwanga kwimithetho

Umngcipheko	Ukufhelekelela Umngcipheko
kweengcango zeeNPO	
<p>Ukuphuculwa nokwenziwa luqilima kwamaqhinga okunqanda umonakalo.</p>	<p>Kukuncipisa iindleko ezidana neendlela zokuqwalasela amalinge okuphuculwa kwendlela yokusebenza ezithi, phakathi kwezinye, zibe kukuqeshwa kwenkampani entsha ezakunikezela iinkonzo zonxibelelwano; kupheliswe zonke iindleko zeothutho ngokundiza; ze kufunwe ezinye iinkampani ezizakunikezela inkonzo yolawulo lwezithuthi ngendlela engcono.</p>

● Inkqubo 2: Iinkonzo Zentlalo-ntle Yoluntu

Injongo Yenqubo

Kukunikezela iinkonzo zentlalo-ntle ezisekelwe kuphuhliso nezihlanganyelweyo kubantu abahlelekileyo nabasesichengeni ngentsbenziswano namahlakani kwakunye nemibutho yoluntu ngokubanzi.

Inkqutyana 2.1 Ezolawulo Nenxaso

Injongo Yenqutyana

Kukunikezela ngenkonzo yokuhlululwa kwemivuzo kwakunye neendleko zezolawulo zabalawuli kunye nabasebenzi abanikezela iinkonzo kuzo zonke iinkqutyana zale nkqubo.

Inkqutyana 2.2 Iinkonzo Kubantu Abadala

Injongo Yenqutyana

Kukuqulunqa nokuphumeza iinkonzo ezihlanganyelweyo ukuze kunonotshelwe, kuxhaswe ze kukhuselwe abantu abadala.

Ukugxila Kwenqubo

Inkqubo Yabantu Abadala inendlela yokujongana nokuguga esekwe kuphuhliso, nezamana nokugcina aba bantu badala kwiintsapho nakwiingqayi zabo kangangoko. Eyona njongo iphambili yale nkqubo kukunikezela ngononophelo, inkxaso nokhuselo kubantu abadala abahlelekileyo nabasemngciphekweni kwiingqayi abahlala kuzo.

Ekuthatheleni ingqalelo ephambili izidingo ngezibonelelo ezikhoyo, le nkqubo izakugxila kula malinge alandelayo:

- Ukubhaliswa okusaqhubayo kwamaziko ahlalisa nanonophela abantu abadala abangasenamandla;
- Ukubhaliswa Kwamaziko Amanikezela iinkonzo;
- Iindlela ezintsha nezinye zanonophelo afana namaziko anonophelo emini kwakunye namaziko anonophelo asekelwe ekuhlaleni, amaziko eenkonzo, unonophelo lwabanonopheli babantu abadala nabakhubazekileyo, ukuphila ngokuzimela, ukuphila ngokuncediswa kwakunye nononophelo lwasekhayeni; kunye
- Nokuhlengahlengiswa kwamanqanaba okuncedisa ngemali amaziko anonophela nahlalisa abantu abadala ngenjongo yokuqinisekisa unonophelo nenxaso kyabantu abadala abakumaziko anonophelo njengengxenywe yesicwangciso-ahinga sayo sokugcina nokuxhasa iinkonzo esezinikezelwa kwinkalo yentlalo-ntle yabantu abadala kweli phondo. Ezinye iinkonzo ezinikwa abantu abadala aziziquki iinkqubo zokuzilolonga, isondlo nokukhuselwa kwabantu abadala. Kuba siyazi ke imingeni engangumqobo kumgangatho wempilo yabantu abadala ngokoqoqosho, le nkqubo iyakuzigcina iinkonzo zenqanaba leengcali ezinikezelwa luthotho lwamahlakani aziiNPO aqeshe iingcali zentlalo-ntle yoluntu.

Aba ndoqo bakhankanywe ngentla apha bathungelaniwe nemisebenzi yeli Sebe equlethwe kumthetho i-Older Persons Act kwakunye nemimiselo yayo yaye eli sebe liznikele ekunikezeleni iinkonzo ezikumgangatho onguwo kule nkalo.

INJONGO YESICWANGCISO-QHINGA

Injongo Yesicwangciso-qhinga	Ukuqinisekisa ukufikeleleka kweenkonzo zophuhliso loluntu ezisemgangathweni nezisekelwe kuphuhliso kubantu abadala abahlelekileyo nabasemngciphekweni.
Intetho Yenjongo	Ukuqinisekisa ukufikeleleka kweenkonzo zophuhliso loluntu ezisemgangathweni ngokuthi kunikezelwe unonophelo, inkxaso nokhuselelo kubantu abadala abahlelekileyo nabasemngciphekweni abangama-25 884 abakwiNtshona Koloni ukuya kuthi ga ngenyanga yoKwindla ka-2020.
Isisekelo	Inani labantu abadala abasemngciphekweni abafikelela kwiinkonzo zophuhliso loluntu kweli Phondo: 25 884.
Isizathu	Inkqubo Yabantu Abadala inikezela isikhokelo sokufikeleleka kweenkonzo ezisemgangathweni zokunonophela, zokunikezela inkxaso, kwanokukhuselwa kwabantu abasemngciphekweni kweli Phondo. Kungeemfundo zomthetho ukuba eli Sebe linikezele iinkonzo kubantu abadala ngenjongo yokuqinisekisa ukuthotyelwa komthetho i-Older Persons Act.
Uthungelwano	<p>Le njongo inxulumene nePSG 3: "Ukunyusa izinga lempilo-ntle, ukuhuselo nokiulwa intlupheko ekuhleleni", ikwanxulumene neSiphumo seSizwe 2: "Ubomi obude nobusempilweni babemi boMzantsi Afrika", ISiphumo seSizwe11: "Ukudala uMzantsi Afrika ongcono nokwenza igalelo kwi-Afrika engcono nekhuselekileyo kwilizwe elingcono" neSiphumo seSizwe13: "Inkqubo yokhuselo lwabantu ebandakanya wonke umntu".</p> <p>Ikwanxulumene neNjongo yeQhinga loKusebenza leSebe 4: "Kuphakanyiswe ukusebenza kwabantu abahlelekileyo nabasemngciphekweni eluntwini ngokweenkonzo zentlalo-ntle yoluntu."</p> <p>Olunye unxulumano: Le njongo inxulumene ngqo nokuphunyzwa koMthetho i-Older Persons Act, oqale ukusebenza ngomhla wokuqala kwinyanga kaTshazimpuzi ka-2010.</p> <p>Ekunikeni abantu abadala abasemngciphekweni, le nkqubo isebenzisana namahlakani azezonye inkqubo zeli sebe, icandelo leeNPO, amanye amasebe karhulumente, amaziko emfundo ephakamileyo kunye noorhulumente bamakhaya.</p>

Isalathisi Setsebenzo Yecandelo	Ephicothiweyo/Eyona ntsebenzo	Intsebenzo ethelekelelwayo 2015/16	Iithagethi elingephi zexesha			Isalathisi Setsebenzo Yecandelo	Ephicothiweyo/Eyona ntsebenzo		
			2012/13	2013/14	2014/15		2016/17	2017/18	2018/19
Kukuqinisekisa ukufikeleleka kweenkonzo zophuhliso loluntu ezisemgangathweni kubantu abadala abahlelekileyo nabasemngciphekweni	Inani labantu abadala abasemngciphekweni abafikelela kwiinkonzo ezisemgangathweni zophuhliso loluntu kweli phondo	25 884	42 122	32 292	22 625	25 884	24 931 ¹¹	24 931	24 931

IZALATHISI ZENTSEBENZI YECANDELO¹²

Isalathisi Sentsebenzo Yecandelo	Ephicothiweyo/Eyona ntsebenzo			Intsebenzo ethelekelelwayo 2015/16	Iithagethi zexesha elingephi		
	2012/13	2013/14	2014/15		2016/17	2017/18	2018/19
Inani labantu abadala abafikelela kwiinkonzo zokuhlaliswa ezixhaswa ngemali	5 746	9 606	8 988	9 688	9 000 ¹³	9 000	9 000

¹¹ Inani elehle ngenxa yokunqunyanyiswa, ukuvalwa, ngokwehla kwamanani amalungu kumaziko eenkonzo ndawonye nemiba echaphazela iimeko zokusebenzela.

¹² Sector indicators not reported on are detailed in Annexure E.

¹³ Ukwehla ngenxa yezinga lokuphila kwakunye nobude bexesha ekuvalweni kwezikhewu zeebhedi ezingenabantu.

Isalathisi Yecandelo	Sentsebenzo	Ephicothiweyo/Eyona ntsebenzo			Intsebenzo ethelekelwayo 2015/16	Iifhagethi zexesha elingephi		
		2012/13	2013/14	2014/15		2016/17	2017/18	2018/19
Inani labantu abadala abafikelela kwiinkonzo zononophelo nenkxaso ezisekelwe ekuhlaleni		16 867	13 303	13 302	15 265	15 000 ¹⁴	15 000	15 000

